

AMAHEBHERE,

ISAHLUKO SESITHANDATHU ³



Molweni kusasa nje zihlobo. Yinyhweba ukuba lapha. Kunye—kunye nokuzalisekisa oku kwazisa kukhulu kusuka kumalusi wethu ngokuqinisekileyo bekuyakuthabatha ubomi benene, bebungayi kwenza njalo? Ke sinika uzuko kwiNkosi ngawo wonke amandla empiliso Yayu neencaba zaYo ethe Yayinikeza kuthi ukwehla ngeminyaka.

Ngoku ndinezaziso ezimbalwa zokuba ndizenze. Esinye, thina, uMzalwana uWood noMzalwana uRoberson, kwaye sifuna ukubulela nina nonke ngokusithandazela, ukwenzela uhambo olukhuselekileyo. Sibe nexesha elimandi; nje ukumka ezine ezinesiqingatha iintsuku, ndiyakholwa, kunye nokubuyela emva kwakhona ngokukhuselekileyo. INkosi isisikelele.

⁵⁰⁶ Ngoku, siyazisa ukuba uMzalwana uGraham Snelling, imvuselelo yakhe, iyaqhubekeka, phezulu e—ekupheleni kweBrigham Avenue, e...esixekweni apha. Kwaye ngobusuku baloLwesithathu uzayo...Ndifuna ukumka ngomso, emveni kwenkonzo yesingcwabo somnye endizakusazisa kwithutyana elimbalwa. Siyakunazisa ngoLwesithathu ebusuku. Sifuna ukuya sisisigqeba, sonke, ukuya kutyelela uMzalwana uGraham ngaphambi kokuba avale inkonzo phezulu phaya. Kwaye siyakuzama ukufumana ibandla lonke kunye ukuba singanakho, size siye njengesigqeba ukuya kuhlangu, ukuba sibe noMzalwana uGraham genye yezi nkonzo zakhe.

⁵⁰⁷ Kwaye, ngoku, ngale mvakwemini kuyo i—kuyo indawo yomngcwabi eChalestown, ngu u—uNkskz. Colvin, owakhe weza ebandleni apha kwiminyaka emininzi eyaqithayo, amashumi asixhenxe anesine eminyaka ubudala, ushiye obu bomi izolo ukuya kuba neNkosi uYesu. Kwaye umngcwabo wakhe uzakushunyayelwa ngoMvulo, nguMfundisi Mnu. McKinney, wayeqhele, ngaphambili, umalusi webandla iWisile e—ePort Fulton iminyaka emininzi, owayengumhlobo omkhulu wabo. Kwaye kufuneka ndimncedise, ngoMvulo, e, ndiyakholwa licala leyokuqala, e—egumbini lenkonzo eCharlestown, e-Indiana. Kwaye nonke nina zihlobo zosapho lakwaColvin ninga, ndiyayazi, ningayixabisa ngoku nje inkuthazwana encinci okanye uku...uxhawulo oluncinci lwesandla. Kuba sonke siyayazi ukuba kuyintoni oko, thina abakhe babasezantsi ukudlulo kwezo, ezintlanjeni, ngokwethu, kwaye siyazi yintoni okukuthethayo ukuphulukana nesihlobo. Kwaye ke thina... Ulele e—egumbini lenkonzo ngoku, eCharlestown, e-Indiana.

Ukuba niyenyuka ngale mva kwemini, ngoba, iyakuxabiseka kusapho lakwaColvin, ndiqinisekile. Abaninzi babantu babo baseza apha emnqubeni nangoku. Nditshatisile, ngcwabile, bhaptizile, ngokusaleleyo kancikana, usapho lwabo, lulonke. Kwaye ke uMnu. Grayson, owayeqhele ukuba ngummelwana wethu kanye apha, ungumgwabi phezulu phaya.

508 Kwaye ngoko oku, ngobu busuku, iNkosi ithandile, apho sishiya khona ngale ntsasa, siyakuzama ukukuchola ngobu busuku, koku kufundisisa kukhulu esifundisisa kuko ngoku. Kwaye ngoko ndicinga ukuba ibizizaziso, ngoko—kwam—kwazi kwam. Kunye nobusuku baloLwesithathu uzayo, ngoku, siyakwazisa ubusuku esizakunyuka ngabo ukuya kuba noMzalwana uGraham.

509 Kwaye samkela bonke abahambeli emasangweni ethu. Kwaye siyavuya ukuba nani apha ngale ntsasa, kwaye sithandaza ukuba uThixo ngokugqithisileyo, nangobuninzi yakunisikelela namhlanje ngalentsangano.

510 UMzawlana uCox usandula kundixelela ukuba into yokwazisa uwonke wonke ibingasebenzi kakuhle ngela xesha. Ingabe, mhlawumbi ngokwemoyezulu, ukufuma okuninzi kwizandisi-sandi phaya. Kwaye azilunganga ncam, into yokuqala, ke oko kungaba ngunobangela.

511 Njengoko ndibona udade ehleli apha endimaziyo, uDade Arganbright, ndi...Oku akukuhlanga kunye—kunye nemimiselo yokuziphatha, ukubuza oku, kodwa ingaba uvile kuMzalwana u-Arganbright kusukela engaphaya? Ndinomdla kakhulu ukuva kuye ngokukhawuleza esonokuba nako. Use Switzerland nase Jamani, kumhlangano ngaphaya kunye noMzalwana uTommy Hicks noPaul Cain. Ukuba ukhe weva, Dade uRuth, undazise kanye ngoko, nje ngokukhawuleza onokuba nakho.

512 Ngoku, umnquba omncinci awunabulungu, kodwa sinobudlelwane. Asinamvumo nkolo kodwa uKristu, asinamthetho kodwa uthando, asinancwadi kodwa iBhayibhile. Leyo kuphela kweNcwadi esiyaziyo, nekuphela kwento esiyaziyo, njengoko sinayo. Njengoko iGazi likaYesu Kristu lisicoca kuzo zonke izono zethu, sinobudlelwane omnye nomnye, wonke ubani.

513 Bendiqaphela, ngale ntsasa, kwabanye benu bantu ningabe nivile umzalwana ethandaza. Lowo ibingumKatolika, ke, okanye owayengumKatolika. Kwaye sinazo zonke iintlobo zabantu abeza apha. Ndibe nenyhweba nje, kwimizuzu embalwa egqithileyo, ukuxhawula isandla somzalwana womMennonite ohleli apha. Kwaye ukusuka kumaMennonites, ukuya kumaWisile, ukusuka kumaBhaptizi, nomKatolika, okanye nabani oyakuza, makeze. Kwaye sidlelana sonke kwiintsikelelo zeLizwi likaThixo. Ohleli ekhona liNgqina

lika Yehova kunye neentlobo ezahlukeneyo zabantu, ke, zamahlelo ahlukehlukenyayo.

⁵¹⁴ Ndandiqhele ukuthanda (ke, ndisayenza) iNtshona. Ndiyawathanda amahashe neenkomo. Ndakhuliselwa nje efama, kwaye ndi—ndiyayithanda. Kwaye sasiqhele ukuqokelela, kwaye bendiya kuya nabo. Kwaye sasinocingo lokuthintela. Andiyazi nokuba nina bantu baseMpuma niyayazi yintoni ucingo lokuthintela, okanye hayi. Kuxa ufaka iinkomo e—ehlathini, banecingo lokuzingcina ekubhampileni, oko bakubiza ngayo, zibuyele emva ezantsi efama. Beziya kutya ingca, apho bakhulisa ingca ukwenzela ukondla kwasebusika. Kuze phezulu entabeni, banazo kwanjalo iicingo zokuthintela, apho bahlula amaninzi amathokazi kumaduna, nanjalo njalo. Libizwa ucingo lokuthintela. Kodwa olona cingo lokuthintela kulapho umfama ama khona xana iinkomo zingena.

⁵¹⁵ Kwaye ngoku ndahlala phaya, imihla emininzi, kwisali yam, ndabukela zona njengoko iinkomo beziya kungena. Kwakukho zonke iintlobo zamaphawu ezangenayo. Kwakukho ezinye ezibizwa i “Dayimani.” Kunye nezinye zazo ezibizwa i “Ntsimbi X.” Nezinye... Eyethu yayingu “Tripod,” into enjengebheji yeNkwenkwe yeScout. Umfo olandelayo, ngaphantsi kwayo, yayi yi “Turkey Track,” kwihasha. Kwaye babeneentlobo ezahlukeneyo zohlobo lophawu, ukuze—ukuze bazi iinkomo zabo xana bezikhuphela ngaphandle.

⁵¹⁶ Ngoku, umfama wayengenamdla loluphi uhlobo lophawu ezazinalo, kodwa naku, umfama wayenomdla wokuqaphela kwisiqobosheli ezindlebeni zazo. Yonke into eyangena phakathi phaya, akukhathaliseki nokuba loluphi udidi lophawu elalililo, kufanele ibe yohlobo olugqibeleleyo leHereford. Ingingenakungena phaya ngaphandleni kokuba yayiyiHereford. Bekufanele ibe yimfuyo ebhalisiweyo okanye ibingenakungena phaya.

⁵¹⁷ Ndinga, ngalamhla xana iNkosi ifika, Ayizukukhathalela okokuba loluphi udidi lophawu esilunxibileyo, kodwa ukuba sonke singamaKristu azelwe ngokutsha. Injalo lonto. Leyo yimfuyo kaKristu. Uvavanyo Gazi lizakusiqondakalisa, sonke singamaKristu. Kwaye ukuba sizakuba ngala ndlela *phaya*, singasuka sibe ngala ndlela apha. Anicingi njalo? Leyo yindlela, esixabise bonke ubudlelwana ukusuka kuwo onke amabandla.

⁵¹⁸ Ngoku sifundisisa kuleNcwadi isikelelekileyo yamaHebhere. Omnye umzalwana ube eyonwabele kakhulu de wathabatha iiteyiphu kwaye wenza incwadi yezifundo koku.

⁵¹⁹ Ngoku sizakuza, kwamsinyane, kwisahluko se-11. Silindele ukuchitha ubusika kokuya, kwisahluko se-11. Ngaso ngasinye seza zimilo, siqwenela ukubuyela emva ngeNcwadi size sibophelele iSibhalo sonke sihlangane. Bendizakuyenza. Ndiyenza ngezahluko, kwenye yesi, yezi zahluko zigqithileyo,

ukufumana iNcwadi yonke ibopheleleke ngokudibeneyo. Kuba, niyabona, iSibhalo kufuneka siqondakalise iSibhalo.

⁵²⁰ Ngoko ke, ukuba kukho nakunye ukungquzulana, okokuba nabani uyakucinga ukuba iSibhalo singquzulana nesinye, leyo yimpazamo. Akukho Sibhalo singquzulana neSibhalo. U—ungquzulwano kulapho okokuba mhlawumbi Singquzulana nendlela yethu yokujonga kuSo, kodwa Asingquzulani neSiqu saso. Ndibe ndikulo lungiselelo, ndiqhubeka amashumi amabini anesithandathu eminyaka ngoku, kwaye andizange, nelinye ixesha, ndifumane nenye into eBhayibhileni engquzulana nayo nayiphi into engenye eyayibhalwe eBhayibhileni. Kwaye ndi—ndiyavuya nje ayikho phaya.

⁵²¹ Kwaye namhlanje sifundisisa kwenye yezisikeleleke kakhulu izahluko zamaHebhere, isahluko se-7. Kwaye kukho nabani ongenaBhayibhile, ongathanda ukusilandela ekufundeni, singavuya kakhulu ukukuzisela iBhayibhile ukuba ungaphakamisa nje isandla sakho. Ndiyakwenza abanye babadala, omnye othile, eze apha aze afumane ezinye. Omnye othile baphakamise izandla zabo emva phaya. Kwaye enkosi, mzalwana. Kwaye ukuba nifuna iBhayibhile, phakamisani nje isandla, kwaye bayakuyizisa kuni.

⁵²² Ngoku, indlela ekuphela kwayo elinokuthi ibandla lakhiwe, indlela ekuphela kwayo anokuthi umntu abe noKholo, ayikho ngokwehlelo lakhe, ayikho ngokuzibandakanya kwakhe. Kodwa uKholo lwakhe aluphumlanga phezu kwezimvo zemfundiso ngezenkolo zendoda ethile, kuba yona, ngaphezulu okanye ngaphantsi, yonke iyeyendoda. Kodwa indlela ekuphela kwayo uKholo lungafumana indawo yayo yenene yokuphumla, kuphezu kwelingashenxiyo nelingaguqukiyo iLizwi likaThixo. “UKholo luza ngokuva, ukuva iLizwi.” Leyo yindlela eyithabathayo. Kwaye—kwaye xana uKholo luviwe laze lwamkelwa, luhlala ngonaphakade. Akukho nto enokuze ilushukumise, akukhathaliseki kuza okanye kumka ntoni. Akukho nto enokuze iguqule olwaKholo. Cinga ngalonto. U—ankiliwe, kwaye akunakuguquka, ukusuka kwixesha ukuya kuNaphakade. U—ankilwe naphakade, “Kuba uThixo, ngedini elinye, wabagqibelelisa naphakade abo bangcwalisiweyo, okanye babiziweyo.”

⁵²³ Kwaye uKholo lunengako ukubankulu indawo kumKristu, ubomi bekhulwa, yokokuba lungathabatha ukuma kwalo ecaleni kwengcwaba elinodaka okanye ibhokisi, apho usana oluxabisekileyo okanye isthandwa sithe sagqitha kobu bomi ukuya ngaphaya. Kwaye ngokujama kwamehlo okhozi, lungajonga kuYe owathi, “Ndim uVuko noBomi.” Kwaye balibale izinto ezidlulileyo. Baxunela kuphawu lobizo lwaphezulu.

⁵²⁴ Ndiyavuya ekubeni uThixo ebonelele ngenjalo, kwaye uyenze isipho esisimahla kuye wonke. Oko koko amabandla

afanele abe kuko. *Amabandla* akuthethi amahlelo okanye imibutho; ithetha, “Amaqela abantu, amakholwa, ahlangene kunye phantsi kobudlelwana beLizwi.”

525 Kwaye kule imangalisayo imfundiso apha yoNgewele uPawulos, kwimvelaphi, kwizahluko ezigqithileyo, uye ngokutsolileyo waqubisana nobunganga bukaButhixo beNkosi uYesu noko Yena Awayekuko. UKristu waye nguThixo, enziwe ukuze abantu babenakho ukumva ngemvakalelo Yena nokuMchukumisa, no—nokudlelana naYe. uKristu, iNkosi uYesu, wayengumzimba owayehlala kuwo uThixo, “UThixo wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu.” UTimothi Wokuqala 3:16, “Ngaphandle kwempikiswano inkulu imfihlelo yobuthixo, kuba uThixo wabonakaliswa enyameni.”

526 UYehova omkhulu wehlela ezantsi waze wenziwa waphatheka, ngokuhlala emzimbeni woNyana OngoWakhe, ebabaza kwaye exolelanisela ihlabathi kuYe. UThixo wayengeyonto. . . UKristu wayengeyonto enganeno koThixo, kwaye—kwaye uThixo wayengeyonto enganeno koKristu. Bobabini kunye benza intlokoThixo isemzimbeni, wenziwe wanganeno kancikana kuneeNgelosi, ukuze Abe nakho ukuva ubunzima. IiNgelosi azinakuba bunzima. UYesu wayenguMnquba awathi wahlala kuwo uThixo.

527 IBhayibhile yathi, kwisahluko se-7 seZenzo zabaPostile, ukuba, “Iminquba, nelitshisiweyo- . . . idini natshisiwe-amadini Wena akuyi kuwananza, kodwa umzimba Wena uNdilungiselele. Noko OseNyangweni akahlali minqubeni eyenziwe ngezandla, kodwa umzimba uNdilungiselele wona Wena,” ukuba ekuhlaleni emnqubeni okanye ukuhlala kubudlelwana kunye nomntu.

528 UThixo evumela, kwamsinya nje sigqiba ngesi sahluko apha, okanye sigqiba ngale Ncwadi, sifuna ukubuyela emva size sichole iNcwadi kaRute size sibonise khona phaya ukuba uThixo waba sisizalwana kuthi njani, ukuze axolelanisele abalahlekileyo kuYe ngokudlelana nokuba ngomnye wethu. UMhlanguli kufuneka abe sisizalwana, kwaye indlela ekuphela kwayo yokuba uThixo abenokuba sisizalwana kuthi, kukuba ngomnye wethu. Ke, Wayengenakuba yiNgelosi kwaye abe sisizalwana emntwini.

529 Kubusuku obugqithileyo xana bendithetha kunyana owophuke intliziyo, iqabane lam, womama osandula kunduluka, wathi, “Owu Mzalwana uBill, ndiyaqikelela yiNgelosi ngobu busuku.”

530 Ndathi, “Hayi, Earl. Akasokuze abe yiNgelosi. Ungumfazi, ngobu busuku, njengoko uThixo wamenzayo, kwaye uyakuhlala enjalo, akasokuze abe yiNgelosi.” UThixo wenza iiNgelosi. Akazange enze bantu babe ziiNgelosi. Wenza iiNgelosi nabantu. Ke abantu abasokuze babe ziiNgelosi, kwaye iiNgelosi azisokuze zibe ngabantu. UThixo wabenza bahluka.

531 Ngoku, kwaye kuKristu ukuba abe yinyama ukuze ahlangule ukuphuma kokuya kukhulu ngaphaya apho umntu wathi wawa, kwaye okuyakungafi ngesono kwehla kwaza, uThixo wehla waza wathabatha isimo sobume bomntu, waza waba sisizalwana sethu, ukuze Abenokuthwala izono zethu nokufa kwethu.

532 Kwaye kwezinye iingcaciso ebesizinika, kwizifundo ezigqithleyo; nje imvelaphi encinci ukuze ofikayo abe nokuqonda. UThixo, endleleni Yakhe ukunyukela eKhalvari, njengoko ulwamvila lokufa lwaluphezu Kwakhe, kwaye libhubhuzela ecaleni Kwakhe, kwaye ekugqibeleni lamnqola Yena de Yena wafa. Wafa de ilanga layeka ukukhanya. Wafa yade inyanga neenkwenkwezi zanganikezi ngokukhanya kwazo.

533 Kuba, indlela ekwafanela Yena akwenze ngayo okuya, ukumilisele ulwamvila lokufa! Ukuba Yena wayengongenakufa umntu, ukuba waYekuMzimba welizwi, okanye abe kuMoya, ukufa akunalawulo kokuya. Kwafuneka ibe yinyama, ukuze Yena abenokuthabatha ulwamvila lokufa. Kodwa xana inyosi okanye isinambuzana esinqolileyo, sithe sanqola nzulu, asisokuze siqole kwakhona. Sishiya ulwamvila lwaso enyameni. Kwaye oko koko uKristu wab-...okanye uThixo waba kuko. UKristu wahlala enyameni, ukuze Abe nokumilisele enyameni Yakhe Yena ulwamvila lokufa. Kwaye xana ukufa kwazincothula kuYe emnqamlezweni, kwashiya ulwamvila, ayinakunqola kwakhona. Ingenza ungqumshelo lwengxolo, ingabhubhuzela kwaye igrogrise, kodwa ayinakunqola. Ayinalwamvila.

534 Omkhulu uNgcwele uPawulos, kuhambo lwakhe oluya ekufeni kwakhe, wakhwaza wathi, “Owu kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Nawe ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo Othe wasinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu, kuba zombini ukufa nengcwaba ziphulukene namandla azo.”

535 Ngoku, ngoko, kwiCawa egqithileyo siye sathabatha, “Ukushiya iziseko zemfundiso ngoKristu,” kwisahluko se-6, sifunda oku, “masiye kwingqibelelo.” Kwaye siyafumanisa ukuba abantu namhlanje kumabandla amaninzi, ndawonye noMnquba kaBranham nezinye ezahlukileyo, silelele kakhulu ekufundisiseni malunga neziseko zobuKristu: WayenguNyana ka Abraham, WayenguNyana ka—kaNje-na-nje, kwaye emva, umlibo. Kodwa iBhayibhile ithe, “Masibekele bucala ezo zinto, size siye kwingqibelelo.”

536 Kuqala kufuneka uyazi imfundiso, kuze emva koko kufuneka uzazi zonke ezi zinto; emva koko masizibekele bucala, wathi, ezovuko lwabafuleyo, ukubekelwa kwezandla, iimbaptizo, kwaye onke loo manqaku ngoThixo. Noko, a—akanaBomi kuwo. Kodwa ibandla namhlanje liya nje kwezo zinto, “Owu, sikholelwa kuButhixo bukaKristu.” Ewe. Ngokuqinisekileyo.

“Siyakholelwa kubhaptizo lwamanzi.” Ewe. Ngokuqinisekileyo. “Ukubekelwa kwezandla.”

537 UPawulos wathi, “Siyakukwenza konke oku ukuba uThixo uyasivumela. Kodwa ebusweni bako konke okokuya, masiyibekele bucala ngoku, size siye kwingqibelelo.”

538 Ngoku, ibandla alinakugqibeleliswa ngemibutho. Ihambela mgama ukumka kuThixo, lonke ixesha, okanye mgama kude ukusuka omnye komnye. Senza izithintelo, siyazahlula, kukhangeleka ngathi asinaKholo. Kodwa ngoko xana sishiya ezo ziseko zemfundiso, ukuba siya kwingqibelelo, ngoko ezo zinto zincinci azibi nanto ingako yokwenza.

539 Siya kunxulumano, kwaye siyafumanisa ukuba indlela ekuphela kwayo esonokugqityeleliswa ngayo kukuba kuKristu. Kwaye siyafumanisa ngoko, ngeemfundiso zeBhayibhile, okokuba singena njani kuKristu; hayi ngobhaptizo lwamanzi, hayi ngokubekelwa izandla, hayi ngemfundiso. “Kodwa ngaMoya mnye sonke sibhaptizelwa Mzimbeni mnye saza sagqityeleliswa ngokuva Kwakhe ubunzima.” Ngoko, sikhangeleka ngokwahlukileyo. Sicinga ngokwahlukileyo. Senza ngokwahlukileyo. Siphila ngokwahlukileyo. Hayi ngokuba ngumsebenzi okanye singabecawa, kodwa ngenxa yo “thando athe uThixo waluthululela ngokubanzi ezintliziyweni zethu ngoMoya oyiNgcwele,” oko kusenza sibe ngabamakhaya bobuKumakani bukaThixo, ngoko akukho hlelo okanye sithintelo kokuya. Sonke singuMzimba omnye omkhulu.

540 Ngoku sikulungele ukungena phezu kwesifundo sakusasa, kwimizuzu embalwa. Enye engenye into endingathanda ukungena kuyo apha, yokuba, ukuba, uPawulos ethetha eNcwadini, ye-7, okanye, isahluko se-6, siyafumanisa apha ukuba senziwa sigqibelele kuKristu. Ngoko kumqolo we-13 wesahluko se-6, nje imvelaphi encinci.

Kuba wathi uThixo akumbeka ngedinga u-Abraham, ngokuba Ebengenakufunda ngomkhulu, wazifunga yena,

UThixo wazifunga Yena, ngokuba Yena wayengenakufunga nangabani omkhulu.

541 Ngoku sifuna ukubuyela emva. Masiye kumaGalati nje imizuzu embalwa. Tyhilani emva kwiNcwadi yamaGalati, nize nifike kumaGalati isi-3:16. Kwaye siyakufunda apha nje ithutyana, oko Yena wafunga ngako.

Ngoku ku Abraham nembewu yakhe lenziwa idinga. Akathanga, Nakwiimbewu, njengokungathi ezininzi; kodwa nje ngenye, . . . kwimbewu, yona leyo inguKristu.

542 Ngoku ukuba niyakuqaphela, fundani oko ngokusondeleyo ngoku, njengoko nifunda.

...ku Abraham nembewu yakhe (isinye) amadinga (isininzi) enziwa.

543 “U-Abraham neMbewu yakhe.” Ngoku, iMbewu ka Abraham yayinye, eyayinguKristu; kwisimo esibonakaliswe kwangaphambili, u-Isake.

Kodwa u-Abraham wayanabantwana abaninzi. Wayenaye omnye phambi kokuba abe no Isake, ntoleyo yayibonisa ukuphucuka kokungakholwa kukaSarah owafuna uHana ukuba azise umntwana, ecinga ukuba wayemdala kakhulu, kwaye uThixo agqithe aze enze enye indlela ukusuka kwindlela awathi Yena wayithembisa ukuyenza.

544 Kodwa uThixo uyasigcina isithembiso Sakhe. Akukhathaliseki sinjani ukukhangeleka singabhadlanga, uThixo ubophelelekile kwisithembiso Sakhe. Kwaye uSarah wacinga ukuba mhlawumbi unokuba noHana, okanye, uHagare, gxebe, isicaka sakhe, ukuba azale usana ngo Abraham, kwaye wayeyakulithabatha. Kwaye oko kwaba ngu Ishmayeli, owabalimeva enyameni, ukusukela ngoko kude kube ngoku. Uselimeva enyameni, kuba ukusuka phaya kwaphuma ama Arabhu, kwaye abe esoloko engala ndlela.

545 Ngoku, naliphi ixesha uthi ungalikholelwa elize iLizwi likaThixo uze wamkele enye indlela, iyakuba limeva enyameni yakho ukusukela ngoko ukuqhubeka. Thabatha nje oko uThixo akutshiloyo. Ukuba Yena uYitshilo, leyo nje koko Yena akuthethayo. Owu, malisikelelwe iGama Lakhe! Thabatha nje iLizwi Lakhe.

546 Akukhathaliseki nokuba yintoni ezama ukuligqitha, ithi, “Kulungile, eneneni Alithethi oKuya.” Lithetha nje oko Likutshoyo, xana uThixo esenza idinga.

547 Ngoku ukuba siyakuqaphelisisa.

...u-Abraham nembewu yakhe amadinga...

Okunye yayiyiMbewu, isinye, kwaye okunye yayingamadinga. Kukho elingaphezulu kwesinye idinga, kwaye ngaphezulu komntu omnye obandakanyiweyo kwiMbewu ka Abraham. Yabona? Kukho enye iMbewu, kodwa abantu abaninzi bale Mbewu. Yabona? Ayengengoka Abraham yedwa, okanye ku Isake yedwa. Kodwa i...Kwakukuyo yonke iMbewu ka Abraham. Amadinga ayenziwe kuye yonke imbewu buqu yala Mbewu. Niyayifumana?

548 Ngoko ke, thina, ekubeni safayo kuKristu, ngokweZibhalo, sithabatha iMbewu ka Abraham kwaye sizindlalifa ngokwedinga. Hayi ngokujoyina icawa, okanye ukubumba amanqaku afileyo, okanye—okanye njalo njalo. Kodwa ngozalo lukaMoya kaKristu, siyiMbewu ka Abraham, kwaye sizindlalifa kunye naYe ebuKumkanini.

549 Ngoko siyaqhubeka, ukufunda, ngoko, nje ithutyana ngoku, “UThixo esenza isifungo.” Ngoku umqolo we-17 wesahluko se-6.

Uthe ngoko uThixo, enga angathi ngokukhona kugqithisileyo. . .

. . . uThixo, enga angathi ngokukhona kugqithisileyo akubonakalalise kwiindlalifa zedinga ukungaguquleki kwecebo lakhe, wasuka walamla ngesifungo:

550 Owu, masiphumleni ngoku nje okwemizuzu embalwa. “UThixo enga angathi ngokugqithisileyo.” Hayi kuba kufuneka enzile, kodwa ukwenza oku into eqinisekileyo.

551 Ngoku, sesifumene ukuba uThixo waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, indlela awathi Wazibonakalisa ehlabathini. Xana Wafumana umfazi ekukrexezeni, wathi, “Andi—andikugwebi. Hamba, ungabuye wone kwakhona.” Xana Wafumana ogulayo, Wenza nje ngendlela Awayenokufanela enze, kuba WayenguThixo, kwaye Wa—Waphilisa abagulayo. Wavusa abafileyo. Waxolela izono. Akukhathaliseki zazingjani, kwaye zazingaphi, kwaye babekrege kangakanani, Wabaxolela, nakanjani, ukuba babefuna ukuza bacele.

552 Ngoku qaphelani. Ukuba uThixo wenza nangaliphi ixesha kwimeko ethile, kwaye ukuba la meko inye iyavuka kwakhona, Kufanele enze ityeli lesibini ngokufana naWakwenza kwityeli lokuqala okanye Akalolungisa. Yabona? Akukhathaliseki umbi kanjani esonweni, uye wabaphantsi kangakanani, Ufanele enze kuwe ngokufana na Wakwenzayo kula mfazi uwileyo okanye Wenza ngokungalunganga ngoko. Isimilo sikaThixo bubuNtu Bakhe, kwaye into Ayiyo kwisimilo Sakhe sibonakalisa uBuntu Bakhe.

553 Kwaye leyo yindlela oyiyo, kwisimilo sobomi bakho, sichaza into oyiyo. Njengoko sithe sagqitha, isifundo okanye ezibini ezigqithileyo, abantu bama Wisile bafuna ukwazisa, “Xana nikhwaza, niWufumene.” AmaPentekoste athi, “Xana nithetha ngeelwimi, niWufumene.” Umdlilikidli uthi, “Xana nizidlikidla, niWufumene,” Abadlikidli basePennsylvania. Kwaye siyafumanisa ukuba bonke baphosile. Ubomi bakho bubonakalisa Bona. Ubuntu bakho bubonakalisa into oyiyo. Umntu waziwa ngemisebenzi yakhe, kunye nantoni ubomi bakho obuyiyo.

554 Nilivile ibali elidala, “Ubomi bakho buthetha bungxola kakhulu, andikwazi kuweva mazwi akho.” Ke nantoni na oyiyo, uyiyo. Ubomi obuphilayo bubonakalisa hlobo luni lomoya okuwe.

555 Kwaye emva koko ungalinganisa into engalunganga, okanye, ulinganise into elungileyo, ndingatsho. Ungalinganisa umKristu. Kodwa kuyakubakho, kwixesha elizayo, kuyakufika ixesha xana unxinzelelo luyakufakwa, ngoko luyakubonakalisa

into oyiyo. Ikhonco lomelele kobona buthakathaka boqhagamshelo lwalo.

⁵⁵⁶ Xana uKristu uNyana kaThixo wafakwa kuvavanyo, kwabonakala into Awayeyiyo. Ngokuqinisekileyo. Xana ufakwa eluvavanyweni, iyakubonakalisa into oyiyo. Ubomi bakho busoloko bubonakalisa yintoni engaphakathi kwakho. Kwixesha elizayo, qiniseka izono zakho aziyikukufumana. Kwaye oko koko sizama ukukutsho.

⁵⁵⁷ Wathi uYesu, kuYohane oNgcwele 5:24, “Lowo ulivayo,” hayi lowo udlikidlayo, lowo uthethayo, lowo u. . . “Lowo ulivayo iLizwi laM, aze akholelwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kuya emgwebeni; kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini.”

⁵⁵⁸ Lukholo lwakho. Kwaye ukholo lwakho, luvunywe ngemiliba yakho, lwenziwa lubonakale ebantwini abanakho ukuva, kodwa ubomi bakho buvuleke phambi kwabo bonke. Ke, akukhathaliseki kukanganani uzama ukwenza *oku* nokwenza *oku*, ayisokuze isebenze. Ifanele ibe kuwe. Oko ngoyena ndoqo walo lonke ibali. Ukholo lwakho kuKristu ovukileyo, njengoMsindisi wakho; lokokuba Usekunene kukaThixo, esenza endaweni yakho ngale ntsasa, njengoko wena usenza endaweni Yakhe ezantsi apha njengengqina. Ingqina kufuneka lenze endaweni yomnye umntu, limele wena njengengqina. Kwaye njengoko ubomi bakho bubonakalisa apha oko ubungqina bakho bukoko kuKristu, lubonakalisa phaya kwaye lubonakalisa apha. Kwaye Yena uphezulu phaya, njengoko Yena enjalo ukwenzela wena, ebonakalisa kokubini phaya nalapha. Ke wena u. . . Ngokholo lwakho, usindisiwe, kwaye oko kodwa. Ke, imizwa, imvakalelo, ukuvakalelwa, nantoni, azinandawo konke konke kuWo. Ngoku, hayi. . .

⁵⁵⁹ Ngoku, sukucinga ngokungalunganga, ukuba andikholwa kwezi mvakalelo. Ngokuqinisekileyo. Kodwa oko sikuko ngoku, sizama ukubethelela oko ebantwini balo mhla, asizomvakalelo. Umtyholi uthabathe ezo zinto waza akalawuleka ebantwini, ebenza basekelezele isiphelo sendlela yabo kaNaphakade phezu kwemvakalelo. Ukukhwaza, ukuthetha ilwimi, ukuya ecaweni qho ngeCawa, ukwenza okomKristu, oko akuyi kuba namnye umthelela kula mhla. “Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha.” Kwaye ubomi bakho bubonakalisa oko ukoko engaphakathi, yabona, hayi iimvakalelo zakho.

⁵⁶⁰ Ungaba negazi ezandleni zakho, ungathetha ngeelwimi, ungaphilisa abagulayo, ungasusa iintaba ngokholo lwakho, kwaye akukabi yinto nangoko. AmaKorinte Okuqala 13. Yabona? Ifanele ibe yinto ethe yenzeka ngoZalo elisuka kuThixo, kwaye uThixo uzisa uZalo olutsha kuwe, aze akunike inxalenye yobuYena. Emva koko ezo zinto zibakho. Usisidalwa esitsha. “Ndibanika uNaphakade.”

561 Sigqithile kwigama “Naphakade.” *Okokoko* si “sithuba sexesha.” *UNaphakade* ngu *okokoko*, *okokoko* na *okoko*, kodwa kukho uNaphakade omnye. Kwaye siyafumanisa ukuba wamkela uBomi obunguNaphakade, kwaye igama kwisiGrike nguZoe, okuthetha “UBomi bukaThixo.” Kwaye wamkela inxalenye yoBomi bukaThixo, ntoleyo ekwenza unyana kaThixo ngokomoya, kwaye ungunaphakade njengokuba uThixo engunaphakade. Akunasiphelo, akukho ndawo yakuma, ngokuba akunandawo yokuqala. Yonke into nesiqalo inesiphelo, kwaye oko kungenasiqalo akunasiphelo.

562 Indlela esilithanda ngalo ela Lizwi lixabisekileyo! Indlela umKristu afanele ukuma ngayo kuKholo olwakhe lwanikelwa kwabangcwele, kwaye angaphehluzeliswa, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, nokujoyina amabandla ahlukileyo. Naliphi ibandla ofuna ukuba ngowalo lilungile, okoko nje ungumKristu. Kodwa kuqala beka into yokuqala kuqala, ntoleyo ilolwaZalo olukwenza isizalwana kuThixo, njengoko uThixo athe waba sisizalwana kuwe.

563 Waba sisizalwana, ukuze Abe nokukuvusa. Ngaphambi kokuba Abe nokukuvusa, kwafuneka Yena akunike uBomi obunguNaphakade. Ngoko uThixo waba sisizalwana, ukuze athabathe ukufa, ukuze akuvuse. Ngoko kufanele ube sisizalwana kuYe, ukuze uye eluvukweni. Niyabona ukuba iyintoni? Lunaniso nje. UThixo waba nguwe, ukuze wena ube nguThixo. Yabona? UThixo waba yinxalenye yakho, inyama, ukuze wena ngobabalo Lwakhe ube yinxalenye Yakhe, kuko konke, ukuba noBomi obunguNaphakade.

564 Nje umfanekiso omhle, kwaye, owu, siyayithanda.

*Ngoku, uThixo, enga angathi ngokukhona
kugqithisileyo . . .*

565 Bekungadingeki ayenze, kodwa Wathanda. Ndivuya kakhulu ngako oko, akunjalo, okokuba uThixo wethu ethanda? Khangela. Kungathini ukuba Yena—kungathini ukuba Yena wayengengongazeki kade umsindo? Yintoni isiqhamo sikaMoya? Uthando, uvuyo, ukholo, uxolo, ukuzeka kade umsindo. Leyo yinxalenye kaThixo ekuwe. Kwaye unakho ukunyamezela, ukunyamezela umthwalo womnye nomnye. Ukuxolelana, njengoko uThixo ngenxa kaKristu uyakuxolela. UMoya kaThixo ngaphakathi kuwe ukwenza ube ngala ndlela. Kwaye emva koko xana uThixo wayelapha emhlabeni waza waba nguwe, waba sisono, okokuba Yena athabathe isono sakho, wasithwalela wena waze wahlawula ityala ngaso. UThixo ungozeka kade umsindo, enyamezela imithwalo yethu.

566 Kwaye ngoko Yena nguThixo olungileyo. Ukuba uyafuna, izinto ezithile ngendlela yakho, uyazi, uThixo ulunge ngokwaneleyo ukukwenza oko. Uyathanda u—ukukwenza uvuye. Yena ufuna u . . . Yena—Yena uluthando, kwaye uthando

Lakhe olukhulu luyamnyazela Yena ukuba ehle ngelinye ixesha, ukwenzela wena ube nezinto ozifunayo.

567 Khangela kuTomas, emveni kovuko. UTomas ebengayi kukholwa. Owu, yena unabantwana abaninzi namhlanje. Kodwa uTomas wathi, “Hayi. hayi. Kuyakufuneka ndibe nobungqina obuthile. Kuyakufuneka ndibeke izandla zam ecaleni Lakhe, kwaye kweLakhe...iminwe yam ngapha ezandleni Zakhe, ngaphambi kokuba ndibe ndiyakuyikholelwa Yona. A, andikhathali wena uthini.” Yabona, waye ewonke ephuma kucwangco lweSibhalo, kanye ngoko. Kufanele ukuba uSikholelwe. Ke wathi, “Kufanele ndibe nobuthile ubungqina, ukubonakalisa Sona.”

568 Kwaye uYesu wabonakala, Yena ulungile, “Yiza, Tomas, ukuba oko koko ukufunayo, kuhle, nantso ke. Ungabanayo.”

569 Leyo yindlela esiyiyo thina. Sithi, “Nkosi, ndifanele ndithethe ngeelwimi. Ndi—ndifanele ndikhwaze. Ndifanele . . .”

570 “Owu, qhubeka, ndiyakukuvumela ukuba ube nayo.” Ulungile.

571 Ke wafaka isandla sakhe ecaleni Lakhe, emva koko wathi, “Owu, yiNkosi yam noThixo wam.”

572 Wathi, “Ngoku, Tomas, uyakholwa njengoko ubonile. Kodwa kukangakanani ukubamkhulu umvuzo wabo bangenabungqina kwaye noko bakholwe nguWo!” Nantso ke. Apho kulapho kufuneka sifike kuko. “Ukangakanani ukuba mkhulu umvuzo wabo bangakhange babone nto kodwa noko baWukholwe.” Sisenzo sokholo, okokuba siwamkele Wona.

573 Ngoku, ndiyakholelwa imiqondiso ilandelelana namakhholwa, kodwa masibeke izinto zokuqala kuqala. Ungabanayo imiqondiso, ngaphandle koKu. UPawulos wathi ungayenza. Wathi, “Ndingathetha ngolwimi njengabantu neeNgelosi; andinto yanto. Ndingasusa iintaba ngokholo; andinto yanto. Ndiyayiqonda iBhayibhile, ngendlela endinokuthi ndizazi zonke iimfihlelo zikaThixo; andinto yanto.” Yabona, ezo zizipho zikaMoya oyiNgewele, ngaphandle koMoya oyiNgewele.

574 UMoya oyiNgewele nguThixo. UThixo luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, umonde. Lowo nguMoya kaThixo. Oko koko uThixo akuvusayo ngemihla yokugqibela, ngawo laMoya.

575 Ngoku, “Akathandi . . .”

. . . *uThixo*, enga angathi ngokukhona *kugqithisileyo akubonakalise kwiindlalifa zedinga . . .*

. . . *uThixo*, enga angathi ngokukhona . . . *akubonakalise . . . kwiindlalifa . . .*

Ngobani iindlalifa? “Thina, ekubeni safayo kuKristu, sithabatha iMbewu ka Abraham, kwaye siziindlalifa.” Owu, ingaba oko kuyafuxeka ngaphakathi? Siziindlalifa zobuKumkani bukaThixo, ngedinga elifungelweyo. Bekungadingekanga ukuba UThixo afunge. ILizwi Lakhe ligqibelele. Kodwa Wafunga, kananjalo, ngesiqu Sakhe, kuba kwakungekho namnye mkhulu.

576 Njengoko siqhubeka sifunda, nje umzuzu, phulaphulani.

. . . idinga lokungaguquleki kwecebo lakhe, wasuka walamla ngesifungo:

577 “Ukungaguquleki,” okungenakuguqulwa. UThixo akanakuguquka. Yena ufanele ahlale enjalo. Kwaye ukuba uThixo waphilisa umntu omnye ogulayo, Yena akanakho ukuguqula uluvo Lakhe. UThixo waxolela umoni omnye, ihenyukazi elinye, Yena akanakuze aguqule uluvo Lakhe. Ukungaguquleki, ukungaguquki kweLizwi likaThixo. Wathi uThixo, kwenye indawo, “NdiyiNkosi Ephilisa zonke izifo zenu.” Kufanele ahlale kunye naYo, kuba Ungongenasiyiphelo. Wasazi isiphelo kusukela ekuqaleni.

578 Ngoku, ndingatsho, “Ndiyakukwenza *oku*.” Kwaye iBhayibhile yathi, sifanele sithi, “Ukuba iNkosi ithandle.” Ngokuba, ndingonakho ukufa. Andiyazi. Ngelinye ixesha kufuneka ndibuyisele emva ilizwi lam, kodwa uThixo akanakubuyisela eLakhe emva. UnguThixo.

579 Kwaye Ucela into enye kuphela, “Ukuba ungathi ukholwe.” Owu, bethu! “Ukuba ungakholwa, zonke izinto zinokwenzeka.” “Ukuba ungathi ukholwe,” koko kuphela. “Wena, ukuba unakho,” nankuya umbuzo. Kodwa hayi umbuzo useLizwini likaThixo, ngokuba, Yena ungongaguqukiyo, Akanakuguquka. Injani ukumangalisa!

580 Ngoku phulaphula, njengoko sifunda sisehlela.

Ukuze kuthi ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, ntoleyo kwakungenakwenzeka ukuba uThixo axoke, . . .

Ukungenzeki! Okungenakwenzeka nokungenakuguquka eneneni ligama elinye; okungenakuguquka, akunakushukuma. Ifanele ihlala ikwanye naphakade. Ayinakuguqulwa, ukungaguquleki nokungenakwenzeka.

Kwaye zombini, ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, ntoleyo kwakungenakwenzeka ukuba uThixo axoke, . . .

“Sinezinto ezimbini?” Ewe. Kuqala, iLizwi Lakhe lathi Yena ubeya kuyenza. Eyesibini yayisisifungo Sakhe kuyo, Yena ubeya kuyenza. Owu, bethu!

581 Hlobo luni lwabantu esifanele ukuba ngabo? Kutheni siphehluzela size sibe sibaleka, kwaye sithabatha izinto zehlabathi size senze ngokufana nolu lulungisiweyo udidi

lobuKristu buka 1957? Sifuna ukuba luhlobo lwefashoni endala elithabatha uThixo eLizwini Lakhe, kwaye sibize ezo zinto ebezingekho, njengokungathi zazikhona. “Ukuba uThixo utsho njalo, Oko kuyiqibile.”

⁵⁸² U-Abraham, lowo idinga elanikwa yena, kuye nakwiMbewu yakhe, wabiza izinto ezazingekho, njengokungathi zazikhona. Kuba, Yayilidinga likaThixo, esazi ukuba uThixo akanakuxoka. Wamthembisa okuya, kwaye waLikholelwa. Kwaye njengoko iminyaka yagqitha, kwaye idinga likhangeleka libhekela mgama, kwiliso lenyama, Lasondela ku Abraham.

⁵⁸³ Endaweni yokuba buthakathaka, aze athi, “Kulungile, mhlawumbi akukho nto inje ngempiliso eNgcwele. Mhlawumbi nje ndifu- . . . Mhlawumbi akukho nto injalo. Mhlawumbi ndibe ndingalungisanga kuko konke ukuqulunqa kwam kwengcinga.” Ngoko, oko kubonisa into enye, yokuba akukhange uzalwe ngokutsha. “Kuba lona i . . .”

⁵⁸⁴ Sigqithile kuyo kwiCawa egqithileyo, nje mganyana emva kwisahluko. “Kuba akunakwenzeka ukuba umntu owakhe wangcamla izipho zaseZulwini nezinto, akreqe, kwakhona azihlaziyele kwinguquko.” Ngokuqinisekileyo, ngokwenene akukwazeki!

Kuba lowo *uzelwe nguThixo akenzi* kwaye akanakho *ukwenza isono*; kuba *imbewu kaThixo ihleli kuye: kwaye akanakho ukona*, . . .

IMbewu kaThixo liLizwi likaThixo. “UKholo luza ngokuva, ukuba iLizwi, ‘IDini lalenziwe. Ligqityiwe.’”

⁵⁸⁵ Ngoku, ukuba wenza ngokungalingana, uThixo uyakukwenza uhlawule ngako. Kodwa ukuba uyayenza, akulungisanga, akuyenzi ngokuthanda. Isahluko se-10, umqolo wama-47, ndiyakholwa, “Kuba xa sithi sone ngabom emveni kokuba samkwamkela ukuyazi iNyaniso.” Kodwa emveni kokuba wakhe waZalwa, uneNyaniso; hayi ulwazi Lwayo, kodwa uthe wayamkela iNyaniso kwaye Yona ithe yaba yinene. Kwaye ungumntwana kaThixo, okwexesha nokwaNaphakade. UThixo wafunga ukuba Yena uyakuyenza.

⁵⁸⁶ Wathi uYesu, “Lowo uwevayo aMazwi aM, aze akholelwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade, kwaye ndiyakumvusa ngomhla wokugqibela. Akasayi kuya eMgwebeni. Udlulile ekufeni wangena eBomini.” Ngoku ngesifungo esinjeya, “UThixo ethanda ukuba siLifumane.”

⁵⁸⁷ Ngoku qaphela into ayitshoyo apha, uPawulos ethetha kwi—kwibandla.

. . . *akunakwenzeka kuThixo ukuba axoke, sifanele sibe novuselelo olunamandla*, . . .

Hayi, “Kuhle, ukuba amaBhaptizi akandiphathi kakuhle, ndiyakuya kumaWisile.” Yabona?

...sifanele sibe novuselelo olunamandla, thina abasindileyo sabamba ithemba elibekwe phambi kwethu:

588 Ngoku ekufundeni eyokugqibela.

Ithemba ke esinalo ngokwe ankile yomphefumlo, . . .

Ithemba, isifungo sikaThixo esifungelweyo, sinalo ngokwe ankile yomphefumlo, liqinile kwaye lithembekile, kwaye lingena liye ngaphaya kwesikhuselo;

589 Masithethe nje ithutyana kwi “sikhuselo.” Asikhange siyifumana kakuhle kubusuku beCawa egqithileyo.

590 “Kwisikhuselo.” Isikhuselo yinyama. Isikhuselo siso esisithintelayo ukuba sibone uThixo, ubuso ngobuso, kwelibandla. Isikhuselo siso esisithintelayo ekuboneni iiNgelosi kwiindawo zazo ngale ntsasa, zimile ngasezitulweni. Isikhuselo siso esisithintelayo ekuboneni Yena. Sifihliwe ngasemva kwesikhuselo, kwaye esa sikhuselo yinyama. Singoonyana neentombi zikaThixo, siseBukhloni bukaThixo, “iNgelosi zikaThixo zibangqongile abo bamoyikayo Yena.” SiseBukhloni bukaThixo, lonke ixesha. “Andisayi kunishiya, ndingasayi kuniyekela. Ndiyakuba nani lonke ixesha, kude kube sekupheleni.” Kodwa isikhuselo yinyama, siso esisenza singabikho eBukhloni Bakhe. Kodwa ngomphefumlo, uMoya, ngokholo lwethu siyayazi ukuba Yena usijongile. Yena umile ecaleni kwethu. Yena ulapha ngoku.

591 Ezantsi eDothan, ngenye intsasa, umprofeti omdala wayengqongwe ngumkhosi kwaye isicaka sakhe saphuma saza sathi, “Owu bawo, ilizwe lonke lingqongwe ngabelinye ilizwe.”

592 Waze u-Eliya wavuka, wathi, “Kutheni, nyana, baninzi abangakuthi kunabo bangakubo.”

593 Ke, waqhwanyaza amehlo akhe waza wabhekabheka. Wayengenakho ukubona kwanto.

594 Wathi, “Thixo, ndingathanda ukuba Uvule amehlo akhe, susa isikhuselo.” Kwaye xana isikhuselo sawayo emehlweni akhe, okungqonge la mprofeti mdala yayizinqwelo zokulwa zomlilo, iintaba zazinguMlilo kunye neeNgelosi nenqwelo zokulwa. Nantso ke.

595 Owu, ngoko uGehazi wayenokuthi, “Ndi—ndiyaqonda ngoku.” Yabona, isikhuselo sawa. Phaya kulapha kukho isithentelo.

596 Nantsi. Yibambisise. Isikhuselo siso esisithintelayo ekuphileni ngendlela esifanele siphile ngayo. Isikhuselo siso esisithintelayo ekwenzeni izinto esifuna ngenene ukuzenza. Kwaye uThixo wagqunywa enyameni, kwaye isikhuselo sakrazulwa kubini. Kwaye uThixo waba nguThixo kwakhona, waza Waphakamisa isikhuselo awathi Yena Wazifihla kuso.

Olo luvuko lweNkosi uYesu. Eqondakalisa kuthi ukuba, kwesi sikhuselo esifihlwe kuso ngoku, ngokholo siyalikholelwa Lona kwaye siyalamkela Lona. Kwaye xana *esi* sikhuselo sikrazulwa kubini, ndiyakuya eBukhoni Bakhe ngesi siqiniseko, ndisazi ukuba, “Ndimazi Yena emandleni ovuko Lwakhe.” EKuzeni kweNkosi uYesu, esi sikhuselo siyakuphakanyiswa kwakhona, ngendlela egqibeleleyo, de ndibe ndiyakuhamba kwaye ndithethe naYe njengoMsindiso wam noThixo wam, xana Yena ethabatha itrone kaDavide. Kwaye siyakuphila naphakadekwesi sikhuselo emveni kokuba sigqityelelisiwe, kodwa esi sikhuselo sinesono kuso. Akukhathaliseki kanjani. . . Ungaze ucinge ngala mzimba uzukisiweyo kulo mhlaba. Ufanele ufe, into ekwanye njengoko umphefumlo wakho kufanele ufe, ukuze uzalwe ngokutsha.

⁵⁹⁷ Kwingqibelelo, hayi ukutya iinyama, nokwenza *oku*, nokugqibelelisa umzimba, akusokuze ube nawo. Kwaye kufanele uyeke *oku*, uze wenze *oku*, kwaye wenze *oku*, uze wenze *oku*, lowo ngumthetho. Oko kukuba ngqongqo ngomthetho. Asikholelwa kwizimo zomthetho zosindiso. Siyakholwa Yiyo ukuba ngobabalo sisindisiwe. Kwaye asinguwe. Wena akunanto yakwenza nayo. Lulwanyulo lukaThixo oluyenzayo. “Akukho namnye onokuza kuM ngaphandle kokuba uBawo waM amtsale.” Injalo lonto. Kwaye Yena. . .Konke aweza kukwenza uYesu yayikukufumana abo awathi uBawo wabazi kwangaphambili; kwaye wabamisela kwangaphambili kokusekwa kwehlabathi ukuba babe ngoonyana neentombi zikaThixo. Amen. “Hayi lowo ubalekayo, okanye lowo ufunayo, kodwa nguThixo obonakalisa inceba.” NguThixo oyenzayo. Akunakuqhayisa, konke konke. Akukho kwanto oyenzileyo. UThixo, ngobabalo, wakusindisa; hayi wena, ngokwakho. Ukuba uyayenza, unento yokuqhayisa malunga nayo. Kodwa akunanto yakuqhayisa. Lonke udumo luya kuYe. NguYe. Emva koko Yena ukunika ithemba eliqinisekileyo, “Wafunga ngesifungo, okungenakwenzeka ukuba abantwana Bakhe banganakho ukulahleka.”

⁵⁹⁸ Ngoku, bafumana ukutywatyushwa ngokwenza okungalunganga. Uvuna oko ukulimileyo. Uyakufumana oko. Sukucinga ngoku uzakuphuma nje uze wone, usinde kuyo. Ukuba uyayenza, uze ube nolwaluvo, ibonakalisa ukuba zange wazalwa ngokutsha. Niyayifumana? Ukuba usenomqweno kuwe, wokwenza okungalunganga, ngoko usengongalunganga. Yabona? “Kuba Yena wabagqibelelisa, ngonaphakade, abo aba. . .Kunye nezo zilo phantsi kweTestamente Endala, phantsi kwemihla yomthetho, zinikelwa minyaka yonke, ngokuqhubekayo, asisokuze sisuze isono.” Kodwa xana sibeka izandla zethu phezu kwentloko Yakhe, size sivume izono zethu kwaye sizalwe ngokutsha ngoMoya kaThixo, asisenamqweno wasona kwakhona. Isono sidlulile kuwe. Oko kokwexesha ngoNaphakade.

599 Uyakuzenza iimpazamo. Uyakuwa. Uyakwenza okungalunganga ngabom. Uyakuphuma ngelinye ixesha uyakwenza izinto. Oko akuthethi ukuba ulahlekile. Oko kuthetha ukuba uzakufumana ukulungiswa.

600 Inkwenkwe yam encinci, amaxesha amaninzi, abantwana bam, bayakwenza izinto. Nabakho bayenza, kananjano. Okokuba u... Bayayazi ukuba oko kuchasene neyakho—neyakho imithetho. Kwaye bayayazi mabalindelele ntoni xana beyenzile. Bazakufumana ukohlwaywa ngayo, ngamanye amaxesha okulungileyo. Kodwa basengabantwana bakho. Ngokuqinisekileyo.

601 Akunakwenzeka ukuba lamntu amke kwakhona, owakhe wazalwa ngoBomi obunguNaphakade. UThixo akangomphi womNdiya. “Lowo uwevayo aMazwi aM, kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akasayi kuza eMgwebeni, kodwa ugqithile ekufeni wangena eBomini. Ndiyakumvusa ngemihla yokugqibela.” Eso sisithembiso sikaThixo.

602 Ngoku ukuba uyaqhubeka, uthi, “Owu, kulungile, ngoko ndingenza nje...” Ndisoloko ndisenza oko endifuna ukukwenza. Kodwa ukuba ungumKristu, akufuni kwenza into engalunganga, kuba kwa obona Bomi bukuwe, esona siseko. Ukuba ufuna ukwenza okungalunganga, ibonisa into engalunganga ingaphakathi *apha*. “Angathini amanzi amtyuba namnandi aphume mthonjeni mnye?”

603 Ke uthe wonke waphixana kuhlobo oluthile lwemvakalelo, okanye edumileyo *into ethile engenye* yomzwa: Yilibale! Buyela emva esiguqweni uze uthi, “Thixo, susa ubomi obudala besono bam, uze undibeke kwenjalo imeko yokuba umnqweno wam wonke...”

“Lowo uzelwe nguThixo akasenzi isono.” Injalo lonto. Akanamnqweno wokwenza njalo.

604 Ngokuqinisekileyo, umtyholi uyakumthiyisela *apha naphaya*, kodwa hayi ngabom. IBhayibhile itsho njalo. Umtyholi angamthiyisela, ngoku nangoko. Ngokuqinisekileyo, uyakuyenza. Wazama ukuphosa izabatha kwiNkosi yethu uYesu. Wayenza kuMoses, waza wambambisa. Wayenza kuPetros, waza wambambisa. Wayenza kwabaninzi, kodwa... UPetros wamkhanyela nokumkhanyela Yena, kodwa emva koko wemka waya kulila ngokukrakra. Kwakukho Into ethile kuye.

605 Xana ihobe lakhutshwayo emkhombeni... Unomyayi waphuma, wahamba ekhala. Wayesemkhombeni kulungile, kodwa xana waphumayo, indalo yakhe yayohlukile. Wayenakho ukutya zonke izidumbu ezifileyo awayezifuna, aze oneliseke. Ngoba? Wayengunomyayi, into yokuqala. Wayengumphipi. Wayengalunganga. Wayengumhanahanisi ohlala kwisichopho sentaka kunye nehobe, emkhulu nje njengokuba ihobe lenzile.

Angabhabhela naphina ihobo elinokubhabhela khona. Kodwa wayengatya ukutya okulungileyo kanye njengehobe lisitya. Aze emva koko atye ukutya okubolileyo, oko ihobe lingenakukutya. Kuba, ihobe lixutywe ngokwahlukileyo. Likukwenziwa okwahlukileyo. Lilihobe. Kwaye ihobe alinakucola ukutya okubolileyo, ngokuba alinanyongo.

606 Kwaye umntu ozelwe ngoMoya kaThixo uba lihobe likaThixo, indalo yakhe, ukuguquka kwakhe, ukwenziwa kwakhe. Ewe, mhlekazi. Ubeka umoya we—wehobe kunomyayi, akasokuze ahlale kwisidumbu esifileyo. Ukuba lithe lachopha ngempazamo, liyakuphakama kwakamsinyane. Alinakumelena nayo. Kwaye indoda ezelwe ngoMoya kaThixo, ayimelani nayo. Ingangena kwigumbi lokudanisa ngelinye ixesha, kodwa iyakuphuma phaya ngokukhawuleza. Ingalukuhlwa ngumfazi, ayenze ijike, kodwa iyakujika intloko yayo kwakhona. Iyakumka kokuya ngokukhawuleza. Ngoba? Ilihobe. Injalo lonto. Akuzukuyiqhatha, ngokuba iyakwazi okuya. “Izimvu zaM ziyalazi iZwi laM, kwaye ongaziwayo aziyi kumlandela.” Ilihobe, into yokuqala. Nakuya endithetha malunga nako, eyona nto ingundoqo e-ankilayo phaya.

607 Qaphelisisani ngoku. “UThixo wafunga.” Owu, i . . .

Ithemba esinalo ngokwe ankile yomphefumlo, liqinile likwa . . . , kwaye lingena liye—liye ngaphaya kokuya okusisikhuselo;

608 “Isikhuselo.” UThixo wehla, egqunywe enyameni. Ukwenza ntoni? Ukubonakala Yena buqu. Kwafuneka azimele, ngokuba besingenako ukuMbona. Kwaye wazifihla Yena emva kwesikhuselo. Kwaye isikhuselo yayingNgubani? UYesu. “Hayi Mna owenza imisebenzi, uBawo waM,” watsho uYesu. “UBawo wam ohleli ngaphakathi kuM. Ndiyasebenza. UBawo uyasebenza, kwaye ndiyasebenza nangoku.” Nanku Engogqunyiweyo, ehamba enyameni, uThixo, u-Emanuweli, uThixo enathi. “UThixo wayekuKristu, exolelanisela kuYe ihlabathi.” Nanku Yena, ehamba hamba.

609 Ngoku, Wehla waza wenza ungcwaliseko, okanye ulungiselelo, okanye ucamagushelo, lokuthi ngokunikezwe ngokufa Kwakhe, wahlawula ixabiso lesono, ukuze Abe nokubuyela emva aze ahlale ngaphakathi kuthi. Ngoko ukholo esinalo lusi—lukholo olukwisigqubuthelo, okanye umntu osisigqubuthelo. Ngoko ke asijongi kwizinto esizibonayo kwesi sikhuselo. Isikhuselo sinemfundo, kwaye senza izinto size sithethe izinto. Yinto yobunzululwazi. Kodwa uMoya woThixo ophilayo ohleli ngaphakathi apha, ubiza ezo zinto ezazingekho, njengezazikho, ukuba uThixo utshilo njalo. Naso isikhuselo sakho. Sikukhuselo.

610 Ngoku, ngenye imini Yena uyakuphakamisa esi sikhuselo, hayi esizelwe ngumfazi ngomnqweno wesono lwendoda nomfazi,

kodwa ngentando kaThixo Yena uyakuthetha kwaye sona siyakwenzeka. Ngoko siyakuba nomzimba njengoWakhe Yena ozukisiweyo umzimba. Siyakugqutyuthelwa, ukuze sithethe omnye nomnye, sixhawule isandla omnye nomnye.

611 Ngoku, xana simka apha, kukho umnquba, umzimba welizwi, nje umfanekiso womntu, ongatyayo, ongaseliyo, ongalaliyo, ohleliyo naphakade. Phaya kulapho siya khona. Kodwa balindile phantsi kwesiBingelelo, bekhala, “Nkosi, koda kube nini? Koda kube nini?” ukuba sibuyele ezantsi. Ngokuba, bafuna ukuxhawula izandla omnye nomnye. Bafuna ukuhlala phantsi baze batye, kwaye bathethe omnye nomnye. Bangabantu. Malisikelelwe iGama leNkosi!

612 Xana uThixo wenza umntu ngokomfanekiselo Wakhe Yena ekuqalekeni, Wamenza njalo. Wadlilana omnye nomnye, ngokuba siyazana. Siyazithanda izinto athe wasenza zona uThixo, ngokuba senziwa njalo. EKuzeni Kwakhe okukhulu, abo balungeleyo bayakuba njalo naphakade. Abangenakufa, siyakuma kwimfuzo Yakhe. Owu malisikelelwe ela Gama likaKristu!

613 Kwaye ngoku sinesinyaniso sosindiso lwethu, njengoko simamnkela Yena njengoMsindisi wethu, njengoMphilisi wethu. Yonke lena yimivuso, okanye, ingeniso ehlawulwayo kwipolisi ye inshorensi. Amen. Niyayazi yintoni ipolisi ye inshorensi. Ungatsala ingeniso kuyo de elona xabiso layo lifike. Ngokuqinisekileyo. Ungatsala ingeniso. Kwaye sitsala ingeniso ngoku. Kuphela, into, kwamsinya sitsala ingeniso, intlawulo iyenyuka kwakhona.

614 I-arhente ye inshorensi, ngelinye ixesha, yathi kum, “Billy, ndingathanda ukukuthengisela i-inshorensi.”

Ndathi, “Ndinayo.” Umfazi wam wandijonga.

615 Ngoku, akukho nto ichasene ne inshorensi. Kodwa abanye abantu ba “bahluphekele i-inshorensi.” Ke, bajika. Yathi . . .

616 Umfazi wam wandijonga, ngokungaqhelekanga, “Unayo i-inshorensi?”

617 Ndathi, “Ngokuqinisekileyo.” Umfazi ebengazi nto malunga nayo.

618 Yathi, “Kuhle, Billy, hlobo luni lesiqinisekiso onaso?”

619 Ndathi:

Isiqinisekiso esisikelelweyo, uYesu ngowam!
Owu, ncasa esisandulela sozuko oluNgcwele!
Indlalifa yosindiso, othengwe nguThixo,
Ozelwe ngoMoya Wakhe, wahlanjwa eGazini
Lakhe.

620 Yathi, “Oku kulunge kakhulu, Billy,” yathi, “Kodwa ayisayi kukubeka apha emangwabeni.”

621 Ndathi, “Kodwa Iyakundikhupha. Lowo ngundoqo.” Andinaxhala malunga nokungena phaya; ndinexhala malunga nokuphuma.

622 Kwaye kusukela ndinesiqaqinisekiso, ngokufunga kukaThixo kaNaphakade, okokuba Uyakundivusa kwakhona kumfuziselo woNyana Wakhe, kumhla wokugqibela, ndiyakuhamba ngokuzithemba ndibe nentuthuzelo kunye ne ankile yomphefumlo, okokuba, ngelilixa ndikwesi sikhuselelo kukho into eThile engabonakaliyo endenze nda ankilwa kwiLiwa lakudala ngaphaya. Xana amanzi etsiba kwaye egqabhuka, akwenzi namnye umahluko. Ukuba ukufa, iiperile, okanye nantoni, enokusahlula eluthandweni lukaThixo. I-ankile yam ibambili ngaphakathi kwesikhuselelo. Mazinyuke impuphuma. Mazitshize. Makeze ongakholwayo kubukho bukaThixo. Ikhola elizelwe ngokutsha line ankile. Akunakubona ngaphaya kwesi sikhuselelo okwakalokunje. Kodwa ndiyayazi i-ankile yam ibambile ngaphaya kwiLiwa lakudala, Elisisithembiso esifungiweyo sokuba Uyakundivusa kumhla wokugqibela.

623 Akumangalisi unakho ukujonga ukufa ebusweni, uze uthi, “Luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo Osinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.”

Apho umanduleli . . .

Owu, bethu! Asizukufika kwisifundo.

Apho umanduleli . . . ngenxa yethu

624 Umanduleli. Ingaba wakhe waqaphela, kwimihla yakudala yasentshona (Amatyeli amaninzi ndiye ndanqumla imizila emidala.), umanduleli, okanye uvulindlela? Xana ulandelelwano lwenqwelo lwalutshabalala, ngenxa yamanzi, uvulindlela wabaleka ngaphambili. Kwaye wabona izizwe zamaNdiya; wazigqitha. Waza wabona apho kwakukho umthombo wamanzi. Wabuyela emva ukuya kuxelela umphathi wolandelelwano lwenqwelo, “Balekisa amahashe, wonke umntu makomelele, kuba nje ngaphaya kwentaba kukho umthombo omkhulu wamanzi.” Ungumanduleli.

625 Kwaye apha, uManduleli. Umntu wakhe waxinwa ngumtyholi, phantsi kodubulo olukhawulezisayo, kodwa uMntu othile wathabatha indlwana yompu ozitshintshelayo. Lowo yayinguYesu. Umanduleli usandulele. Kwaye uSathana emile phaya kunye nompu ozitshintshelayo, esixinile, saba soloko sisekukhonxweni nasekoyikeni ukufa. Wayengumlindi walaMthombo. Ngokuqinisekileyo, wayenguye. Wayenikwe umyalelo, ngokuba sasonile kwaye sigxothiwe kuWo. Kodwa uManduleli, uKristu, wangena waza wathabatha indlwana.

626 Niyivile langoma indala, “Bamba inqaba, kuba ndiyeza”? Bamba inqaba, akukho nto; masiyithathe. Asifuni kuqhubeka siyibambile. UKristu wayithabatha inqaba. Halaluya!

Isango livulekile. “Kukho uMthombo ovulekileyo endlwini kaThixo, emzini kaDavide, ukwenzela ukucoca, ukucocwa kwabangacocekanga.” Umanduleli wethu sele esingenele.

⁶²⁷ Umanduleli, Uyasixelela, “Kukho indawo nje ngaphesheya, ngaphaya, apho ungasayi kuguga.” Apho kungasayi kubakho mibimbi, apho ungasayi kufuneka usebenzise isiqabi buso iMax Factor ukuzenza ukhangeleke umhle kumyeni wakho. Umanduleli umnkile. Akuzange kubekho ndawo apho ugugayo udubeke kwaye ungancangazele. Kukho indawo apho ungasayi kugula. Apho usana lungasayi kuba nahlaba esiswini. Apho ungasayi kuphunyelwa lelobuxoki, okanye, izinyo, ukuze ufumane elobuxoki. Haleluya! Owu malisikelelwe iGama Lakhe! Wangena ngaphakathi, kwaye ongenakho ukufa uyakuma kwimfuzo Yakhe, ngenye imini ngaphaya. Baya kukhazimla ngaphezu kweenkwenkwezi nelanga. Ngokuqinisekileyo. Umanduleli usandulele.

. . . umanduleli wangena khona, ngenxa yethu, kwa uYesu, wenziwa umbingeleli omkhulu osa ephakadeni ngokohlobo lukaMelkitsedeke.

⁶²⁸ Lo Mandulule mkhulu wasandulela, ukwenza indlela. Uphuma kuMoya, umthombo omkhulu womnyama kaThixo, Ongenasiqalo okanye isiphelo. Wayekho, kuse ephakadeni, uThixo.

Lo mtha wokuKhanya waphuma. yayingumtha wothando, lowo ngundonqo, obumvu. Umbala olandelayo, owawuluhlaza okwesibhakabhaka; luhlaza okwesibhakabhaka, ukunyaniseka. Olandelayo, ulandela emva kokuya yayiyeminye imibala, ngegqibeleleyo imibala esixhenxe, engoMoya abasixhenxe bakaThixo, abaphuma kulaMthombo mkhulu okanye laDayimane enkulu awathetha ngayo uYesu. La Dayimane enkulu yatshwezwa, ukuze ibonakalise le mibala. UThixo wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu, ukuze Abe nokubonakalisa ubulungisa Bakhe nenceba phakathi kwethu, ngeziphonemiqondiso nezimanga. La mnyama mkhulu uwonke waba nguMzimba welizwi, walo, owenziwa ngokomfanekiso ofana nomntu, noko Wayengengomntu, Wayengekabinanyama, WayenguMzimba welizwi.

⁶²⁹ Wathi uMoses, “Ndingathanda ukukubona Wena.” UThixo wamfihla eliweni.

⁶³⁰ Kwaye xana Wagqithayo, Wajika umhlana Wakhe. UMoses wathi, “Ikhangeleka ngathi ngumhlana womntu.”

⁶³¹ Ngoko yintoni eyenzeka? Ngenye imini ezantsi phaya, xana u-Abraham wayehleli ententeni yakhe. Siyakungena kuyo, ngobu busuku. Xana u-Abraham wayehleli ententeni yakhe, uThixo weza kuye, emzimbeni wenyama.

“Owu,” uthi, “Mzalwana uBranham, waye . . .”

632 Siyakumfumana Yena kanye apha ehlangana no Abraham phambi koko, ngokohlobo lukaMelkitsedeki, umzimba wenyama, owawunguThixo. Ngokuqinisekileyo, yayinguwo. WayenguThixo enyameni.

633 Uthi, “Ngoko, Mzalwana uBranham, kutheni kwafuneka Yena abuyele emva aze azalwe?”

634 Wayengazelwanga ngoko. Wayedaliwe nje, umzimba Awahlala kuwo. UMelkitsedeki wayenguKumakani waseSalem, onguKumakani waseYerusalem, onguKumkani woxolo; owayengayise nanina, siqalo samihla okanye isiphelo sabomi.

UYesu wayenoyise nonina bobabini, kwaye isiqalo semihla nesiphelo sobomi. Kodwa Wenziwa “ngokohlobo” lukaMelkitsedeki, owayengasiqalo samihla okanye isiphelo sobomi.

635 UMelkitsedeki wayenguThixo Buqu. UMelkitsedeki wayenguYehova Thixo, oMnye owahlangana no Abraham, iminyaka kamva, phambi kwentente yakhe. Enomhlana Wakhe ujikelwe kuye; Wathi, “Kutheni uSarah ehlekile?” Injalo lonto. WayenguLowo owema phaya, ejonge ngaphaya ngaseSodom. U-Abraham wamqonda Yena, ngokuba ngaphathi kwekhuselo lakhe kwakukho i-ankile ebambe esa sithembiso. Hayi ngokuba wayenemizwa ethile, kodwa uThixo wayemthembisile. Kwaye xana wahlangana nala magnethi inkulu, wayazi Yona yayikula nyama.

636 Waphumela ngaphandle no Abraham, phandle phaya intwana encinci. Wamxelela u-Abraham. Wathi, “Ekubeni, Ndiyakumfihlela ezi zinto u-Abraham, ukubona ukuba yena yindlalifa yehlabathi? Andisayi nje kuyenza.” Ke, “Abraham, ndiyakukuxelela oko Ndisendleni ukuya kukwenza,” siyakuyichola ngobu busuku, “ezantsi phaya eSodom,” nako konke abayakukwenza. Kwaye kwamsinya esandula kumsikelela Yena u-Abraham, Wabuyela emva esithubeni kwakhona. INdoda eyema phaya kwaye inothuli ezimpahleni zaYo, iNdoda. Kwaye hayi kuphela okuya, kodwa Yona yatya inyama yethole awathi walixhela u-Abraham, nokusela ubisi olusuka enkomeni, nokutya amaqebengwana (isonka sombona), kwaye sinebhotolo kuso. Oko kunjalo ngqo. Yaze emva koko yajikela ekubeni nguMzimba welizwi kwakhona.

637 Yayiyintoni? Kutheni Engazange ayithathe yona ngoko? Wayengazange Yena azalwe njengam nawe. Kodwa kwafuneka Azalwe enyameni, ukuze Abe nokubamba olwalamvila. Lowa yayingumzimba odaliweyo. Lowa yayingumzimba Awathi nje watsala ikalsiyam nepotash eziphuma emhlabeni, waza wathi, “Whew,” waza wangena kuwo. Leyo yayiyinto ekwanye awayeyiyo uMelkitsedeki. Wangena kuyo, kumzimba ukuze Abe nokuhamba phambi kwakhe phantsi kwesikhuselo, isikhuselo sendalo eyiyeYakhe Yena; hayi isikhuselo sendalo

yomfazi, ngesibeleko somfazi, ngayo i—iseli, zange. Kodwa Wadala oku waze wangena kuko, waza wathetha, ngokohlobo lukaMelkitsedeki.

638 Ngubani Lo Melkitsedeki?

Kuba lo Melkitsedeki, ukumkani weSalem, (leyo iyiYerusalem), mbingeleli kaThixo, Osenyangweni, (ngokuqinisekileyo), owahlangana no-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani, waza wamsikelela;

Kuye ngokunjalo u-Abraham wanikeza ngesishumi sako konke; ukuqala athe ngokutolika nguKumkani wobulungisa, (olwathando lukhulu, la Moya mkhulu ekuqalekeni) . . . UKumkani wobulungisa, . . . emva koko . . . Kumkani weSalem, nto leyo enguye, uKumkani woxolo;

Engenayise, engenanina, engenamlibo wakuzalwa, engenasiqalo samihla, engenasiphelo sabomi; . . .

639 Yayingubani? Akazange wazalwa, Akanakuze afe. Ngubani? YayinguThixo, ngokuqinisekileyo, yayinguye, kwisithunzi sangaphambili seNkosi uYesu. Ngokuqinisekileyo yayinguye. Kodwa kwafuneka Eze ngomfazi, ngokohlobo othi uze ngalo ngomfazi. Kwaye kwafuneka Yena eze ngendlela oza ngayo, ukuze akubuyisele wena kuYe. Haleluya!

Ubabalo olumangalisayo! esinjani
ukubamnandi isandi,
Olwasindisa olusizi, udwayinge lwemfama
enje ngam!
Ndandikhe ndalahleka, kodwa ngoku
ndifunyenwe, ngobabalo Lwakhe,
Ndandiyimfama, kodwa ngoku ndiyabona.

640 Ndiyakuqonda ekwafuneka Akwenze. UThixo waba ndim, ukuze mna ngobabalo ndibe nokuba nguYe. Yena wathabatha izonzo zam, ukuze ngobulungisa Bakhe ndibe nokuba noBomi obunguNaphakade. Ndandingenakho ukukhetha ngokunokwam. Imvelo yam yayingumoni. Ndibe ndingenanto yakwenza nayo. Nda “zalelwa ehlabathini, ndabunjelwa ebugwenxeni, ndeza ehlabathini ndithetha ubuxoki.” Kungekho nethuba, konke konke; kungekho nto, nkqu nomnqweno.

641 Xelesa ihagu ukuba “ayilungisanga, ukutya umgxobhozo,” ungatsho? Bona iyakuphulaphula kangakanani kuwe. Xelesa unomyayi aka “lungisanga, ukutya kwisidumbu esifileyo,” uze ubone oko ayakuxelela kona. Ukuba unokuthetha, “Hoya imicimbi yakho.” Ngokuqinisekileyo.

642 Owu, kodwa ubabalo lukaThixo olwaguqula le mvelo, lwaza lwandinika ithuba lokunqwenela nokurhalela nokunxanwa, “Ububele bothando Lwakho bungcono kum kunobomi, Owu Thixo. Intliziyo yam ilangazelela Wena.”

643 Wathi uDavide, “Njengebhada litsalela emifuleni yamanzi, wenza njalo umphefumlo wam ukunxanelwa Wena, Owu Thixo.”

644 UThixo unike umntu olwanxano, ukuba anqule Yena, amthande, alandele emva Kwakhe. Kodwa umntu uyalugqwetha ngokubiza komtyholi, kwaye emke aze akhanuke abafazi neziyolo nezinto zehlabathi, ezama ukwanelisa landalo ingewele athe uThixo wayifaka ngaphakathi, ukuba athande Yena. Uyibeka yona phezu kwezinto zehlabathi. Kodwa, mzalwana, xana wakhe waguqulwa, kwaye lamthombo unonojubalala kuwo, zonke iindidi ze—zeziphithiphithi zequla, zibe zicociwe kwaye wakhutshwa iintsholongwana, kwaye anyulu aManzi kaThixo afakwa phaya, isono asisokuze siwuchukumise. Amen.

Owu indlela endiMthanda ngayo! Indlela endiMncoma ngayo!

Ubomi bam, uKukhanya kwam kwelanga, ongowam Wonke kuko Konke!

UMmdali omkhulu waba nguMsindisi wam, Kwaye yonke inzaliseko kaThixo ihleli ngaphakathi kuYe.

Ezantsi ukusuka eluzukweni Lakhe, eliphilayo oko ibali,

UThixo wam noMsindisi weza, kwaye uYesu yayiliGama Lakhe.

Wazalelwa estalini, kwaBakhe Yena waba ngowasemzini,

UThixo wentsizi, iinyembezi nentlungu.

Owu indlela endiMthanda ngayo! Indlela endiMncoma ngayo!

Ukuphefumla kwam, uKukhanya kwam kwelanga, ongowam Wonke kuko Konke!

645 Owu Thixo! Angayenza njani yona? Umntu uzamile ukuyibhala. Omnye wathi:

Ukuba besine inki ulwandle lugcwele,
Kwaye yonke ingca emhlabeni ibilusiba;
Zonke izibhakabhaka zenziwe ngocwecwe,
Kwaye wonke umntu engumbhali ngesakhona;
Ukubhala uthando lukaThixo ngasentla

Indlela la Thixo mkhulu weZulu awaba yinyama ngayo kwaye wathabatha izono zam!

Ukubhala uthando lukaThixo ngasentla
Bekuyakufunxeka ulwandle lome;
Okanye linganakho icwecwe ukuthabatha konke,
Nokuba lutwatyululwe ukusuka kwisibhakabhaka ukuya kwisibhakabhaka.

646 Kwaye ukwenzela iindlalifa zolusindiso ithemba eliqinisekisiweyo, Wafunga ngesiqu Sakhe ukuba Uyakusivusa kwimihla yokugqibela, asinike uBomi obunguNaphakade. “Kwaye akukho mntu unokubasusa esandleni saM.” Amen.

Masithandaze.

647 Ingaba unetyala lokwala uthando Lakhe? Ingaba uheshe uBuqu Bakhe obusikelelekileyo, Lona mkhulu okwenze oko ukuko? Kwaye ngoku naku ulapha, ngale ntasa, kule ndawo ebomini, kwaye ikunika ithuba. Ingaba ufuna ukuqhubeka uphila? Inye kuphela indlela yokuphila, yeyokuba ukholwe kwiNkosi uYesu. Ukuba wena, entliziyweni yakho, uyakholwa ukuba Yena unguNyana kaThixo kwaye umamkele Yena njengoMsindisi wakho, uze ukholwe ukuba uThixo wamvusa Yena ukwenzela ugwetyelo lakho, ukuba ufuna ukuyamkela kulo miba, yeyakho ngoku.

648 Ungaphakamisa isandla sakho? Othile ongaguqukanga umphefumlo, ongathanda ukuguquka ngale ntsasa, uthi, “Ndikhumbule, mzalwana, mshumayeli, njengoko sisiya emthandazweni. Nam ndisilele. Ndiyoyine icawa, kodwa ndi—ndiyayazi a—andizange ndibenako okuya uthetha ngako. Andizange ndazalwa ngalaMoya, Mzalwana uBranham. Mna nje—nje andinaWo, kuko konke. Ndifuna undithandazele, ukuze uThixo andinike Wona ngale ntsasa.” UThixo akusikelele, mhlekazi. Angabakhona omnye? Yithi, “Thixo, ndenze oko Wena ufuna ndibe kuko. Ndifuna Wena ukuba...Ndifuna ukuba njengoko Wena ufuna ndibe kuko. Ndiluheshile uthando Lwakho.” UThixo akusikelele, nyana.

649 Nje umzuzu ngoku.

Ukuba besine inki ulwandle lugewele,
 Kwaye isibhakabhaka silucwecwe ukwenziwa;
 Kwaye yonke ingca emhlabeni ibilusiba,
 Kwaye wonke umntu engumbhali ngesakhono;
 Ukubhala uthando lukaThixo ngasentla
 Bekuyakufunxeka ulwandle lome;
 Okanye linganakho icwecwe ukuthabatha
 konke,
 Nokuba lutwatyululwe ukusuka
 kwisibhakabhaka ukuya kwisibhakabhaka.
 Owu, uthando lukaThixo, indlela olutyebe
 nolunyulu ngalo!
 Indlela elingenakuqikeka nelomelele ngayo!
 Liyakuma ngonaphakade,
 Ingoma yabangewele neeNgelosi.

650 Thixo othandekayo, ngenene imbongi eyabhala loo mazwi yayifana nje namanye amaninzi amakholwa Akho, ephanda, ezama ukufumana amazwi okuyivakalisa. Kwaye ibhalwe eBhayibhileni, “Phezu koko, ngokuba intshumayeli

ibisisilumko, yalinganisela, kwaye yabeka amazwi amaninzi ngolungelelwano.” Owu, indlela ebesiyakuthanda ngayo ukuba nolwimi namagama ebesinokucacisa ebantwini okuyiyo ngenene, kodwa alunakufumaneka kwimilebe yabafayo. Lonke iNaphakade, akukho ntandabuzo nokuba iyakuze iyityhile, indlela uThixo weZulu athe weza emhlabeni ukusindisa abalusizi, abalahlekile iindwayinge zaboni.

⁶⁵¹ Ndiyathandaza kuWe, Bawo, ukuba ngalamazwi ambalwa aphukileyo, okanye amazwi aphukileyo ngale ntsasa, njengoko ndifanele ndithi, okokuba umntu othile ufumene uxolo nolwaneliseko nentuthuzela emandla, obalekele efuna igwiba. Kwaye yanga imiphefumlo yabo inga ankila kwela dinga awathi uThixo wafunga kulo, lokuba Uyakubavusa kumhla wokugqibela. Izandla ezininzi zinyukile, esakhiweni, kanye apha kulo mnquba. Thixo, banike elathemba lomeleleyo, kanye ngoku. Banga banga ankila kwiLiwa lakudala. Akukhathaliseki ulwandle lulwatyuzo kakubi kangakanani kwaye amabhakubhaku abo angaxhuma, bane ankile, isithembiso sikaThixo. Phaya bayahlala, “UThixo uyitshilo. Akanakuxoka.”

⁶⁵² “Lowo uwevayo aMazwi aM,” endizamileyo ukuwashumayela ngale ntsasa, “kwaye akholwe kuLowo waNdithumayo, uYehova, unoBomi banaphakade; kwaye akasayi kuya emgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini.”

⁶⁵³ Owu Wena unguNaphakade, sikelela abo namhlanje. Kwaye wanga wonke umntu ngaphakathi apha ongekho phantsi kweGazi, umphefumlo wabo ongazange uguqulwe, kwanga kungenzeka nje ngoku, Nkosi. Sebenza imfihlelo. KoKwakho konke. Inikezelwe kuWe. Ndiyathandaza ukuba Uyakunikeza kubo, uBomi obunguNaphakade. Banga, ngenye imini, ngaphaya kwelinye icala lonxweme, njengamnye namnye sisehlala ngentlambo, sanga singadibana ngaphaya apho bangasayi kuthi “salani-kahle” kwakhona.

Ngenye imini siyakufika emlanjeni ekuvalweni
kwexesha,

Xana iingcinga zokugqibela sosizi ziphelile;
Kuyakubakho uMntu othile olindileyo
oyakusibonisa indlela,
Akuyi kudingeka ndiwele iYordane ndedwa.

Kuyakubakho Lowo, uMntu othile olindileyo
oyakundibonisa indlela,
Akuyi kudingeka ndiwele iYordane . . .

⁶⁵⁴ Bonke abo banelothemba, phakamiselani isandla senu phezulu njengokuba niphakamisa intloko zenu.

Akuyi kudingeka ndi . . .

Ngoku nqulani Yena nje. Umyalezo udlulile. Anivuyi? UThixo wafunga Akasayi... UThixo wafunga Uyakuhlangana nawe phaya.

UYesu wafela izono zethu ukuzicamagushela;
Xa ubumnyama ndi... (Uthini? Ulwamvila
lumkile.) Uyakube elindele mna,
Akuyi kudingeka ndiwele iYordane ndedwa.
Amaxesha amaninzi endishiyiweyo, kwaye
ndidubekile...

Nqula nje Yena ngoku.

...kukhangeleka ngathi bonke abahlobo bam
bamkile;

Ingaba wakhe wafika kula ndawo?

Kodwa kukho ingcinga enye
endikhuthazayo... (Yaiyintoni esa
sithembiso?) ...yenza intliziyo yam ivuye,
Akuyi kudingeka ndiwele iYordane...

655 Ngoku, bantwana bedinga, nqulani Yena nje ngokuyenza.

Akuyi kudingeka ndiwele iYordane ndedwa,
UYesu wafela zonke izono zam
ukuzicamagushela;

Kwenzeka ntoni ngoku?

Xana ndibona ubumnyama, Uyakube
endilindile,
Akuyi kudingeka ndiwele iYordane ndedwa.
Xana ndifika emlanjeni...

Wonke ubani wenu uyeza. Kukho elikhulu, elimnyama ithunzi lihleli phaya phambi kwenu. Lisango elikhulu. Niyakungena phaya, ngenye yezi mini, mhlawumbi phambi kokuphela kwemini, mhlawumbi phambi kokuba icawa ivale ngale ntsasa. Niyakungena phaya. Lonke ixesha la ntliziyo ibetha, ulinyathelo elinye ukusondela.

Kodwa xana ubumnyama ndibubona,
Uyakube endilindile phaya,

Wathi Uyakuyenza. Wafunga Uyakuyenza.

Ngoko akuyi kudingeka ndiwele iYordane
ndedwa.

656 Owu Nkosi eSikelelekileyo, iintliziyo zethu zizele, ngale ntsasa, ekuphuphumaleni.

657 Ukucinga xana ukubetha komthambo kuyeka, kwaye umongikazi ecinezela umqamelelo kwintloko yakho. Kwaye izandla zakho, ungenakushukuma kwakhona. Izandla zakho zijike zaba ngumkhenkce. Abantwana bakho, umama wakho,

abakho obathandayo bekhala kwaye belila. La mnyango mkhulu ujiwula uvuleka, ngaphaya. Uyakube elindile.

⁶⁵⁸ Wathi uDavide, “Ukuba ndibeka umandlalo wam esihogweni, Uyakuba phaya.” Akuyi kudingeka ndiwele ndedwa. Xana ukutshiza komlambo kuqalisa ukudanyazela ebusweni bam, uThixo uyakuthabatha isikhophe sobomi, asikhokele ukusiwelisa kanye yona. Wathembisa Uyakuyenza. UDavide umprofeti wathi, “Ehe, nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyi koyika bubu. Ngokuba unam Wena. Intonga Yakho nomsimelelo Wakho, uyandithuthuzela.”

⁶⁵⁹ Nkosi, sivuya kakhulu namhlanje, okokuba sasibandakanyiwe indlalifa yedinga. Namhlanje sinabo ngaphakathi kwethu uBomi obunguNaphakade, ngokuba siyayithanda iNkosi uYesu kwaye siyayikholelwa Yona, kwaye salamkela iLizwi Lakhe nemfundiso yaKhe. Kwaye Usinikile, njengetywina lokholo lwethu, uMoya oyiNgewele, itywina likaMoya oyiNgewele. Ukholo lwethu ngaphakathi kwethu lu ankiliwe. Nokuba amatyeli amaninzi sihamba emathunzini amnyama, amatyeli amaninzi siyakhubeka endleleni, kodwa i-ankile yethu isabambile. Kukho into ethile kuyo, ngaphaya, ekhangeleka isikhokela, isithi, “Yiya phambili. Siya phambili.”

⁶⁶⁰ Thixo, sisikelele. Siyakudinga Wena. Sigcine sithembekile kwaye sinyanisekile kude kube lixesha Wena ubuyela thina, siyakuKudumisa ngezigaba ezingapheliyo. Kwaye ngala mhla xana simile emhlabeni. . . Inyawo Zakhe ezisikelelekileyo zange zachukumise umhlaba okwakalokunje. Nankuya Yena emile phaya, esibhakabhakeni; kwaye abangwele nabahlangulweyo kuzo zonke izigaba, kuyo yonke imilindo, wokuqala, wesibini, wesithathu, wesine, wesihlanu, wesithandathu, nowesixhenxe, bonke bemile phaya bethiwe wambu iingubo zobulungisa Bakhe; siyamthwesa Yena uKumkani kakumkani noNkosi weenkosi, size sicule loomabali entlangulo. Intliziyo zethu ezilusizi ziyakungcangcazela njengoko sijonge kuYe Lowo wasithandayo waze Yena wazinikela ngenxa yethu. Ngelixa besingathandeki kwaye singaboni, uKristu wafa ukuze sibe nokusindiswa. Sibulela Wena ngako oko, Bawo, eGameni likaKristu. Amen.

⁶⁶¹ Niyamthanda Yena? Owu, unjani Yena ukuba yinene. Aniziva nje ngokungathi ningathanda nje ngandlela ithile nibeke iingalo zenu ukumanga Yena? Aningethandi na ukukhasa nje ninyuke nize nichukumisa iiyawo Zakhe, niyayazi?

⁶⁶² Niyayazi, kwakuqhele ukuza abantu abathile kwiinkonzo zam ePhoenix, Arizona, bathi, “Ndingathanda ukuyithetha naYe. Ndingathanda ukuthi, ‘Nkosi, Undithandile xana indlela yam ibe mfiliba.’” Ndingathanda nje ukuyithetha naYe ngaphambi kokuba siwelele ngaphaya. Ndi—ndifuna ukuMbona. Ndi—ndi—ndifuna nje ukubona Yena. Ukucinga

indlela ebendiyakuva ngayo, indlela intliziyo yam elusizi iyakungcangcazela ngayo xana ndimbona Yena emile phaya.

663 Bendisoloko ndimangala, “Ndingwenela bendinganakho ukuva ela Zwi lisithi, ‘Yizani kuM, nonke nina enisindwayo nenibulalekayo ngumthwalo. Ndiyakuninika ukuphumla.’”

664 Mhlawumbi andisayi kuze ndikuve oko ngokucacileyo njengoko Yena wakuthetha ngoko, kodwa ndifuna ukuva Yena esithi, “Lona ngumhla wokugqibela. Ibe yenziwe kakuhle, mkhonzi waM olungileyo nothembekileyo, ngoku ngena kuvuyo lweNkosi ebelulungiselwe wena.” Kusukela nini?

665 “Kusukela wasindiswayo?” Hayi mzalwana.

666 “Kusukela ekusekweni kwehlabathi, xana ndakubonayo ndaza ndakwazi kwangaphambili, ndaza ndamisela kuBomi obunguNaphakade,” wasikelelwa ngeloxesha. “Bonke athe Wabazi kwangaphambili, Ubabizile.” Ingaba injalo lonto? “Bonke awathi Wababiza, Ubagwebele. Abo Wabagwebelayo, sele Yena ebazukisile.” Nantso ke. Wasazi kwangaphambili, wasibiza, wasigwebela, kwaye sele sizukisiwe kunye naYe, ekupheleni kwehlabathi, sisiya kumvuzo wethu. Anivuyi? Ngokuqinisekileyo, iyakukwenza uMthande. Xana ubungenakuzinceda, kwaye naku Yena uyeza aze akwenzele okuya.

667 *Lisikelelwe Iqhina Elibophileyo*, Dade uGertie. “Intliziyo zethu kuthando lobuKristu,” ngelixa sinobu buncinci ubudlelwana bokunqula apha ngoku, emva koko sizakuthandazela abagulayo. UThixo anisikelele. Nina abaphakamisele izandla zenu kuKristu ngale ntsasa, fumanani indawo yokunqula, mkhonzeni Yena.

668 Ngoku, masiMnquleni ngoku, njengebandla, nonke maWisile, bandla likaThixo, Assemblies of God, Rhabe, maLutere, Katolika. Sonke ngokuhlanganeyo ngoku, masiculeni ngoku.

Lisikelelekile iqhina elibophayo
Intliziyo zethu kuthando lobuKristu;
Ubudlelwana begcinga yobuzalwana
Bunje ngobuya bangaSentla.

Phambi kweTrone kaBawo,
Siphokoza umthandazo wethu wenzondelelo;
Amaxhala ethu, amathemba ethu, iinjongo
zethu, zinye,
Intuthuzelo yethu nenkathalo yethu.

Xa sisahlukana,
Isinika intlungu yangaphakathi;
Kodwa sisaya kumanyana e... (Mangaphi
amaWisile, amaBhaptizi, nabo bonke?)
Kwaye sithemba ukudibana kwakhona.

669 Akukwenzi kamnandi okuya? Masiguquke size sixhawule isandla omnye nomnye ngoku, ngelixa siyicula kwakhona.

Ngaphambi . . .

Xhawulani izandla, omnye umntu emva kwakho, phambi kwakho, emacaleni.

. . . itrone,
Siphokoza umthandazo wethu wenzondelelo;
Intuthuzelo yethu nenkathalo yethu.

Ngoku xana sisahlukana,

Siyakuthandana.

Isinika . . .

Ndingwenela inkonzo ibinokuqhubeka? Yabona? Yindlela esicinga ngayo.

. . . intlungu yangaphakathi;
Kodwa siyakumanyana entliziyweni
(kubunye),

Kwaye sithemba ukudibana kwakhona.

Ukuba akukho wumbi apha, kulaMhla mkhulu siyakuhlangana.

670 Ngoku, Bawo, yamkela unqulo lwethu ngale ntsasa. Thabatha iLizwi uze ulityale Lona ezintliziyweni zamakholwa. Banga bangangaphehluzeliswa nje, kwaye phezulu namhlanje nasezantsi ngomso, kodwa anga la Mazwi angafumana indawo yokuphumla kuyo yonke intliziyo yekholwa. Ukwazi oku, ukuba, “UTHixo ufungile ngesifungo, kwaye kukho izinto ezimbini ezingenakuguquka. Ukungaguquki kukaThixo, okokuba, ukuba akukwazeki ukuba Yena axoke, okokuba iindlalifa zolusindiso zibe nelithemba lomeleleyo, liqinileyo kwaye liqinisekileyo, i-ankile emphfumleni.” Ukwazi oku, ukuba, “UTHixo usithembisile, ngesifungo esifunguweyo. Okokuqala, kuba Engenakuxoka; okunye, Wafunga isifungo ngaphezu kokuya, ukuba Uyakusivusa kumhla wokugqibela aze Asinike uBomi obunguNaphakade.” Ukwazi, okokuba, “Emveni kokuba sibiziwe, okokuba Watsho ukuthi Wasazi phambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye wasimisela ekwenziweni abantwana ngaye uYesu Kristu. Kwaye Wasazi. Wasibiza. Kwaye xana Wasibizayo, Wasigwebela.” Asinakuzigwebela ngokwethu, ke Wasigwebela ngokufa koNyana Wakhe Yena. “Abo wabagwebelayo Yena, Wabazukisa nokubazukisa.” ILizwi sele lithethiwe. Kwaye nje sisendleleni yethu, sihamba, sivuya kwindlela yethu eya eLuzukweni.

671 Nika abantu ukholo, kwaye yanga imikhuba emincinci nezinto ezijinga ebantwini, banga bangazivuthulula basuke kuzo, ngale ntsasa, ngeli Lizwi likaThixo eliyi ankile yomphumlo, liqinile kwaye liqinisekile. Banga bangazivuthulula bemke ukusuka kwimikhuba yabo emincinci,

imisindo yabo emincinci. Kunye nezinto ezibe...Njengoko uPawulos wathi, kwinxenye elandelayo yomyalezo kwiintsuku ezimbalwa, “Masibekele bucala wonke umthwalo, nesono esithi sisirhityele, ukuze sibe nokubaleka ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu; sijonge kwimbangi nomgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu Kristu, Lowo walingwayo ngazo zonke indlela njengoko sinjalo, nangoko zange wona.” Wavunyelwa ukuba ahendwe, kodwa zange Anyamekele ukuhendwa. Kwaye siyahendelwa esonweni, kodwa sokuze sinyamekele. Ngokuba uBomi obungaphakathi kuthi yi ankile yesiphelo sethu saNaphakade, kwaye sibambe okuya ngokungcwalisekileyo entliziyweni yethu.

⁶⁷² Ngoku, baninzi athe uSathana wabaxhwala ngeenkxwaleko. Silungiselela ukubathandazela, Bawo. Banga bona, njengoko begqitha phantsi kweLizwi likaThixo namhlanje...Ela Lizwi lixabisekileyo ebelishunyayelwa, iBhayibhile inika ubungqina, iiNgelosi zikaThixo zimile kufutshane, kunye nomkhulu uMoya oyiNgcwele, phezu kwabo bonke, umile apha ukunika ubungqina eLizwini. Ngoku, Bawo, njengoko begqitha phantsi kweLizwi ledinga, ngale ntsasa, banga bangamka apha bephilile. Ukususa izinto zokuncedisa imilenze, ukuba bashiye izitulo kunye—kunye noomondlalo babagulayo ababelele kubo, kwaye nje baphiliswe. Siphe oko, Nkosi. Banga bangabuyela kwinkonzo elandelayo okokuba bavunyelwe ukuza, okanye kumabandla angawabo, bevuya, bebonisa izinto ezinkulu athe uKristu wazenza. Oku sikulungiselela uzuko Lwakho, eGameni likaYesu. Amen.

⁶⁷³ Ndifanele ndicele uxolo ngesithembiso endithe ndasenza, okokuba ngale ntsasa besizakuba nesahluko sesi-7, kodwa andifikanga kuso. Kwaye sifanele sivumele ixesha elincinci apha ukwenzela—ukwenzela oku, ukwenzela umgca wokuthandazela. Kwaye ngoku, ngobu busuku, iNkosi ithandle, siyakuthabatha isahluko sesi-7, size sifumanise wayeNgubani lo Melkitsedeki. Bangaphi abangathanda ukwazi? Owu, siyaya nje ezantsi kuYe, sifumanise nje ngqo uNgubani Yena. Kwaye iSibhalo siyaxela uNgubani Yena. Yabona?

⁶⁷⁴ Kwaye uScofield wathi yayi “bububingeleli.” Ingathini ukuba bububingeleli, ngaphandle kwesiqalo okanye isiphelo? Uyabona, yayingebobubingeleli. YayiyiNdoda, uMelkitsedeki (iGama), uMntu.

⁶⁷⁵ Ngokufana, hayi ukungahloniphi, kodwa iNzululwazi yobuKristu ithi uMoya oyiNgcwele yi “ngcinga.” Kwaye iBhayibhile yathi, “Yena, uMoya oyiNgcwele.” Kwaye Yena sisimelabizo somntu. NguMntu; hayi ingcinga. NguMntu. Ngokuqinisekileyo.

⁶⁷⁶ Kwaye uMelkitsedeki nguMntu, uMntu Owayengenasiqalo samihla okanye isiphelo saminyaka. Wayengenatata namana,

okanye mlibo wakuzalwa. Kwaye siyakufumanisa ukuba uNgubani Yena, iNkosi ithandile, ngobu busuku, ngeLizwi. Ingaba niyaLithanda? Owu! “ILizwi Lakho lisisibane endleleni yam nenyawo zam.” Owu!

677 Ngoku, uthi, “Mzalwana uBranham, andiLiqondi Lona lonke.” Nam ndinjalo.

678 Kodwa, ngelinye ixesha, ndandishumayela ezantsi eKentucky. Kwaye kwabanye abasandula kuza, neKatolika kunye nabanye abahlukileyo, abanokuthi bangayi qondi indlela ezi zinzulu, zityebileyo izinto zeSibhalo. Ndandishumayela kwimpiliso eNgcwele. Intwazana encinci ehamba ngenyawo yezisa... Yayingeloshumi elinesihlanu leminyaka ubudala, yayinosana, kwaye lalinedumbe. Ndathi, “Yintoni ingxaki, dade, ngosana lwakho?”

679 Wathi, “Linokuxhuzula.” Ebengayazi into amakayitsho, idumbe. Ebengayazi makayibize ntoni.

680 Into encinci mhlawumbi zange ibe nepere yezihlangu, ebomini bayo. Isithandwa sendoda ethile, iinwele ezinde zijinga. Ndathi, “Ingaba uyakholwa?”

681 Kwaye lawo mancinci, angwevu angqingqwa amehlo andijonga. Wathi, “Ehe, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo ndiyakholwa.”

682 Ndalithabatha usana oluncinci. Kwaye ngelithuba ndandilithandazela, layeka ukuxhuzula. Uh-huh. Kwaye yaphuma, yaphuma.

683 Ngemini elandelayo, ndandizingela onomatse, ngaphaya kwicala lentaba. Ndeva amadoda athile ehleli phaya ethetha, isarha endala ingxola. Ndanyebelezela ezantsi. Ndandizingela onomatse. Babethetha ngam, behleli phaya, ehlafuna icuba kwaye etsica, amagqabi ebhabha, ngokufana *nokuya*. Kwaye ayethetha malunga, ngoku, malunga nomhlangano ngobusuku bangaphambili. Omnye wabo wathi, “Ndilubonile olwa sana. Ndidlule phaya, ngale ntsasa. Alixhuzuli, noko ngale ntsasa.” Yabona? Yathi, “Oko kuyinene.” Kwaye yayitsica.

684 Kwaye ayenemipu yoyame ngomthi, ke ndacinga kuyakubangcono ndizazise. Niyayazi, baye beneembambano ezantsi phaya, nabo. Ke, ndenyuka. Ndathi, “Molweni kusanje, bazalwana.”

685 La mfo mkhulu, ekhangeleka ethetha, wayenomthamo wecuba emlonyeni wakhe, ngolwa *hlobo*, liphumile ecaleni ngolwa *hlobo*, nenkulu, ende intamo. Kwaye wayenomdala omkhulu umnqwazi, utsalwe wehla ebusweni bakhe. Wabhekabheka waza wandibona. Wasa phezulu waza wafumana lamnqwazi, wawuxhuzula, *wabimbiliza*, waginya elacuba lihlafuniweyo, wathi, “Molo kusanje, mfundisi.” Yabona?

Ewe, mhlekazi. Imbeko. Kwaye oko kulungile. Indlela eyakwazi ukuphila ngenxa yayo, andazi, kodwa yaphila.

⁶⁸⁶ Ke, ubusuku obulandelayo, ukubuyela emva, kwakukho indoda phaya eyafuna ukuxambula nam kancikane. Yayihamba kwibandla elalingakholelwa kwimpiliso eNgewele. Ke, eli yayilibandla leWisile, eWhite Hill, eKentucky. Ke ya—yaya e. . . Yayimi ngaphandle. Yayinelanteni esandleni sayo. Kwaye yathi, “Ndifuna ukutsho into ethile, mshumayeli. Andinakho nje ukuyamkela Lonto, kuba andinakho ukuyibona Yona.”

⁶⁸⁷ Ndathi, “Akunakuyibona Yona?”

⁶⁸⁸ Yathi, “Hayi.” Yathi, “Ndiyidoda egulayo, ngokwam. Kodwa,” yathi, “Andinakho nje ukuyibona Yona.”

Ndathi, “Uhlala phi?”

Yathi, “Emva ngaphaya eBig Renox.”

Ndathi, “Kulungile, uzakufika njani ekhaya?”

Yathi, “Kulungile, ndizakuhamba ndigoduke.”

Ndathi, “Uyalibona ikhaya lakho?”

Yathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Kumnyama kakhuku ngobu busuku, kusibekele.”

Wathi, “Ewe.”

Ndathi, “Uzakugoduka njani?”

Yathi, “Ngale lanteni.”

Ndathi, “Ilanteni ayibonakalisi kukhanya yonke indlela ukuya endlwini.” Ndathi, “Uhamba njani?”

Yathi, “Owu, ndihamba ngelanteni.”

⁶⁸⁹ Ndathi, “Yilonto. Unokukhanya kwelanteni ngoku, kwaye lonke ixesha unyathela *ngale* ndlela, ukukhanya kuyaqhubeka kubonisa phambili kwakho. Ukuba uyaqhubeka nje uhamba, ukukhaya kuyakuqhubeka kuhamba nawe.”

⁶⁹⁰ Kwaye yenza lonto ngale ntsasa, ufuna uKristu, obalulekileyo uMbingeleli oMkhulu, uMthetheleli wokwenzela ukugula kwakho, okanye izifo zakho, okanye umphefumlo wakho. UngangaYiqondi. Asiyiqondi. Kodwa siyalelwe ukuba si “Hambe ekuKhanyeni njengoko EsekuKhanyani.” Wenza inyathelo libe linye ekuKhanyeni. Kwaye xana unako ukuKhanya kunye nawe, ukuKhanya kuyakukhanyisela ukuya kwimini egqibeleleyo. Kuyakugcina indlela phambi kwakho.

Kwaye siyakhamba lena inkulu indlela
 ephakamileyo,
 Ndixela naphina apho ndiya khona,
 Ndixolele ukuba ngowexesha lakudala
 umKristu, Nkosi,
 Kunayo nayiphi into endiyaziyo.

Nakhe naliva elaculo lidala?

Akukho nto ifana nomKristu wexesha
lakudala,
umKristu uyathanda ukubonisa;
Sihamba kwenkulu endala indlela
ephakamileyo,
Kwaye sixela ndaweni yonke esiya kuyo,
Ndikhetha ukuba ngowexesha lakudala
umKristu, Nkosi,
Kunayo nayiphi into endiyaziyo.

⁶⁹¹ Ndiyalithanda nje. Kulungile. Ngoku sizakuthandazela abagulayo. Asi...Asibangi ukuba singaphilisa abagulayo. Ukuba besisenza, besiyakuba sixela into engalunganga. Wonke umntu ogulayo apha selephilisiwe. Oko koko iSibhalo sikutshiloyo. “Ngemivumba Yakhe saphiliswa.” Ingaba injalo?

⁶⁹² Wonke umoni ongaphakathi apha, ukuba kwenzekile ukuba abekho, ube usindisiwe kusukela ekufeni koYesu. Kodwa ungaze ufe apha apho ithuba lakho belibekwe phambi kwakho, lokuya eBukhoneni Bakhe ngoko ukuzama ukuLamkela. Lenzelwe ngoku. Kanye ngoku kufuneka uLamkele. Ukuba uya ngaphaya kweGazi, ngoko akuyonto kuphela...Sele ugwetyiwe, ngokuba ugwetywa ngendlela othe waphatha ngayo iSicamagushelo seNkosi uYesu Kristu. Yabona? U...uzigweba ngokwakho phaya.

⁶⁹³ “Ke Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, kwaye ngemivumbo Yakhe saphiliswa.” Ke, akukho nto endiyakuba nayo, ukuphilisa wena. Akukho nto ibandla eliyakuba nayo, ukuphilisa wena. Into ekuphela kwayo esinokuyithandazela koku, kokuba ukholo lwakho aluyi kusilela, okokuba uyakuza esibingelelweni ngale ntsasa ukuza kwamkela uKristu njengoMphilisi wakho, njengoko wenzile ukwenzela uMsindisi wakho. Kwaye ngaphandle nayiphi...UThixo usebenza imimangaliso. Ubonakalisa umqondiso omkhulu. Imfama, isithulu, isimumu, yonke into, ziyaphiliswa kanye apha emnqubeni. Kodwa nokuba injalo okanye hayi, siyaWamkela, nakanjani. Amatyeli amaninzi ezo zinto zingombono.

⁶⁹⁴ Bangaphi ababelapha malunga neeCawa ezintathu ezidlulileyo, okanye ezine, xana indoda yeza apha, iyimfama ikwakhubazekile, okanye ihleli esitulweni samavili kunye nomthambo luvo ongaxhathisanga? Kwaye ngaphambi kokuba ndishiye ikhaya, ndayibona embonweni, “Okokuba kuyakubakho indoda phaya, enwele zimnyama, zisiba ngwevu. Umfazi wayo ngumfazi onomtsalane ukujongeka, malunga namashumi amathandathu eminyaka ubudala. Umfazi uyakuza kwaye elila,” kwaye uyakundicela. “Aze abuyele emva aze athandazele umyeni wakhe.” Uhleli kanye phaya.

695 Kwaye ndiyehla. Ndathi kwabanye abazalwana bam apha, “Qaphelani oku.”

696 Kwaye xana sehlayo ukuya esiguqweni, abanye babethandazile. Xana ndathandazayo, ndemka kwangoko ndaze ndabuyela emva ngapha. Kwaye umfazi wayo waphakama waza weza nje kanye ngendlela iNkosi ibithe iyakuba yiyo. Abantu beqaphele, ukubona ukuba iyakwenza ngala ndlela. Ayizange yasilela. Kwaye ke xana indoda yahamba . . .

697 Ndafumanisa, ukuba indoda, Ugqr. Ackerman, ezantsi eBirdseye, Indiana, yayingulowo obeyithumele phezulu apha; ongumKatolika, kwaye inkwenkwe yakhe ngumpristi kumzi woonongendi phaya eSaint Meinrad. Kwaye uGqr. Ackerman uliqabane lam lokuzingela, kwaye wathumela indoda phezulu apha. Kwaye iNkosi yandibonisa indoda entloko emnyama eyakuyithumela, kodwa ndandingayazi ukuba ngubani.

698 Ndathi, “Ingaba lowo ibinguGqr. Ackerman?”

699 Yathi, “Yayinguye.” Yabona? Kwaze emva koko indoda . . .

700 Ndathi, “Ngu ITSHO INKOSI.” Yehla. Ndathi, “Mnumzana, phakama.” Kokubini ubumfama kwaye kungenaku . . . yona . . . U—ukuxhathisa komthambo luvo kwakumkile. Yayingenakho ukuzibamba ngolwa hlobo. Yabona? Ibe ingolwahlobo iminyaka, ibe ikooMayos nakonke jikelele. Kwaye nje ukuthandaza umthandazo ukwenzela yona, kwaye yayiphakamisa. Nantso imkile, ihamba isehla.

701 Kuqala yathi, “Andikwazi kukubona.” Emva koko yakhala, “Ewe. Ndinakho.” Amehlo ayo avuleka phaya, yona ekubeni engowaNgokusesikweni, umfazi wakhe umRhabe.

702 Abanye abantu bacinga ukuba “umRhabe akakhwazi, kwaye Ongowangokwasesikweni.” Ufanele wawunokubeva. Ngokuqinisekileyo. Babekhala kwaye besangana omnye nomnye. Wabuyela emva waze wafumana isitulo sakhe samavili, waze wahamba waphuma kwaye wehla ngamanyathelo, nje ngokufana nawuphi omnye umntu, enakho ukubona nokuthetha kunye—kunye nanjalo njalo.

703 Wayeneleta isuka kuye, okanye watsala umnxeba, ngenye imini. Ndiyakholwa, uMzalwana uCox, waya kuye. Wathi, “Ameblo akhe abetshisa.” Ngokuqinisekileyo. Ngumthambo luvo, imithambo luvo yokujonga iyakhulu kwaye ibuyela emva ebomini, niyayazi, kwaye ithabatha indawo yayo. Isiqalekiso sisusiwe.

704 Ukuba uyakuvumela indalo ibe nendlela yayo, ukuba akukho nto ithintela indalo, ngoko iya—iyahamba ngokugqibeleleyo. Ukuba ubopha igqesha engalweni yakho, unqamla ukuhamba kwegazi, isandla sakho siyakufa ekugqibeleni. Ngoku, ngokuba, ngokwasendalweni, iyakulunga ukuba nje uye wayiyeka. Kodwa into ethile iyiphazamisile

indalo. Ngoko, ukuba akunakho ukuyibona, akukho ndlela ugqirha ukuba ayifumane. Zimbini kuphela izinto anokusebenza ngazo: oko anakho ukukubona, anakho ukukuva ngokuchukumisa. Leyo kuphela kwento anokusebenza ngayo: oko akubonayo noko akuvayo ngokuchukumisa.

⁷⁰⁵ Ukuba akanakho ukubona, ngoko ifanele ibe ngokomoya. Ngoko kukho, kuphela kwento enokwenzeka, into enye enakho ukwenzeka; siyathandaza, uKristu asuse isiqalekiso, agxotho umtyholi, kwaye oko kuqalisa ukulunga, kulungile. Iyaphila, kwaye kuko konke ekuyiyo. “Egameni laM bayakukhupha iidemoni.” Ingaba injalo? Sisithembiso ebandleni. Sisithembiso samandla. Okuyintoni? Yona, buBukhona Bakhe kunye nathi. Ngoku, yintoni esenza singabi ngabagqibeleleyo ngale ntsasa, ukwenza izinto njengoko Yena wazenzayo, kungokuba sisekwisikhuselo. Yabona? Kodwa sinemvakalelo phaya esixelelayo, “Owu, ewe.” Yabona?

⁷⁰⁶ Kwaye xana usamkela impiliso yakho, akukhathaliseki nokuba isikhuselo sithini, yilonto iLizwi liyitshiloyo. Yabona? Yilonto. Yilonto. Kwaye i—i—iLizwi lisoloko lisongamela phezu kwento yonke. ILizwi likaThixo elinguNaphakade!

⁷⁰⁷ Jonga kuSarah, isibeleko sakhe sifile, amashumi alithoba ubudala, wahlala nendoda yakhe kusukela emalunga neshumi elinesithandathu okanye ishumi elinesixhenxe, enganabantwana; u-Abraham, ikhulu. UThixo wajika waza wabanika usana. Yabona? Ngokuba, bakholwa. Babiza ezo zinto ezazingekho, njengezazikhona. Ngena ngala ndlela ngale ntsasa, sihlobo.

⁷⁰⁸ Kwaye ngobu busuku, silindele. . . Ukuba nonke nityelele, siyavuya ukubanani apha ngale ntsasa. Kwaye uThixo abe nani. Kwaye ukuba nisesixekweni ngorhatya, siyakuvuya ukubanani ngolurhatya kuyo yonke inkonzo, kaMelkitsedeki. Kwaye ngoko ukuba aninakho, kwaye ninebandla elilelenu, yiyani ebandleni lenu. Leyo—leyo yindawo yenu yomsebenzi. Ukuba ungowebandla, yiya phaya. Lona ngumnquba nje omncinci apho sihlangani phakathi apha kwaye sibe nobudlelwane omnye nomnye. Ngoku, iNkosi inisikelele.

⁷⁰⁹ Kwaye uDade uGertie uyakusidlalela, *Umphilisi Omkhulu Ngoku Ukufutshane*. Kwaye ingaba kukho nabani apha ofuna ukuthandazelwa? Phakamisa isandla sakho, abo abafuna ukuza kumgca wokuthandazelwa, ukubeka ukholo lwenu kuKristu. Kulungile. Ukuba niyakukroza apha *kweli* cala lebandla, ukuba ninganakho. Kwaye ukuba bayakutsala bahlise isihlalo nje kancikane, mzalwana, ukuba unganakho, ukuze sibe nakho ukufumana indawana phaya size sigqithise abafu. Yiza ngapha *kweli* cala.

⁷¹⁰ Kwaye sizakuthandaza ngoku, ngelixa sicula. Kwaye ndizakucela abadala apha, nabeliphi ihlelo okanye ibandla,

nokuba liyintoni, ukuba niyakholelwa kwimpiliso eNgcwele, ningema apha nam eqongeni, ukuthandazela abagulayo? Siyakuvuya ukuba nani. Naliphi ihlelo, okanye akulohlelo, okanye nantoni eniyiyo, siyakuvuya ukuba nani. Ningeza nje ngoku, ukwenzela umthandazo? Nyukani nize nime nam.

Mzalwana uNeville, ukuba uyakuza ne-oli.



AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESITHANDATHU 3 XHO57-0915M
(Hebrews, Chapter Six 3)

IMIQULU YE~~NC~~WADI YAMAHEBHERE

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa, ngoSeptemba 15, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2022 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org